


UMBANJWA

 Apha kwakhona, eGameni leNkosi uYesu, kunye nokuva ngemikhulu kwaye eyamandla imisebenzi othe Wayenza, ngaphambili. Kwaye ngoku simi ngokungxama, siphakamisa ukholo lwethu kwaye sithambise, ukuze sikholwe ukuba oko kuceliweyo ngabo obubusuku kuyakunikezelwa. Wena owazi zonke ngazinye kuzo, konke oko abathe bakucela. Kwaye siyathandaza ngabo, ingakumbi, Nkosi, abo basondele kakhulu ekufeni. Zisa uxolo emphefumlweni wabo ukuba alusele luphaya. Zisa impiliso kumzimba wabo. Siphe oko, Nkosi.

² Sikelela ukuhlangana kwethu. Si—siyathandaza, Nkosi, kulo mthandazo wasebusuku bangoLwesithathu, ukuthi, njengokuba sidibene, sisazi ukuba ngalo lonke ixesha ababini okanye ngaphezulu bedibene kunye, Uyakuba nathi. Kwaye sicela Wena, Nkosi, usinike iLizwi Lakho ngobubusuku. Thetha nathi, Nkosi, kwaye ufudumeze iintliziyi zethu, ngokungaqhelekanga, ukuze sazi ukuba siziluleke njani ngokwelixesha likhulu liphambi kwethu, njengoko sikholwa ukuba sikufutshane Nokuza kweNkosi.

³ Sibulela Wena ngabantu ngoku abaqalisayo ukufumana ukholo olubavuyisayo, kwaye besazi ukuba luyintoni ukholo. Kwaye sisazi, nangokubulela Wena ngenkonzo esengaphambili, sikholwa ukuba Uyakwenza into ethile. Nkosi, silinde ngokungxama, njengeentsuku zamandulo, sikholelwa ukuba ixesha lisondele xa Uyakuphakamisa nje iifestile zeZulu kwaye uthulule izithembiso athe uThixo wazithembisa kuwo lo mhla wokugqibela.

⁴ Ngoku sicela Wena, Nkosi, u—ukuba ube nabo, bonke kwizizwe jikelele, njengoko namhlanje sive ngabaninzi jikelele, naphina, abakwisidingo. Baphe ngokwezicelo zabo, Nkosi. Kwaye siyathandaza ukuba sibone isandla esikhulu sikaThixo sihamba phezu kwehlabathi lonke phakathi kwabo bajonge le nto inkulu.

⁵ Sixolele izono zethu. Siqeqeshe, Nkosi, ngoMoya Wakho kunye neLizwi Lakho, ukuze sibenokululeka iziqu zethu, izicaka ezithobekileyo, izicaka ezithobekileyo kwintando kaThixo. Masikhumbule, kwaye sizame ukucinga ezintliziyweni zethu, oko akwenzayo amaKristu amandulo. Luhlobo olunjani lwabantu esiyakudibana nalo ukuba sidibana nabo abahlangana Nawe buqu. Indlela ubuso babo obabunokukhazimla ngayo ngokholo kunye novuyo. Indlela ubomi babo obabunokuba liLizwi eliphilayo likaThixo, nje “incwadi ebhaliweyo eleswa ngabantu bonke,” njengokuba bahamba ngaphakathi kwaye naphakathi kwabantu. Thixo, siphe kwakhona ngaphezulu.

⁶ Banga ubomi bethu bungazithoba kakhulu kuWe, ukuze uMoya oyiNgcwele uphile Wona ngathi, kwaye uthethe ngathi, Nkosi. Sanga singakhumbula, ezingcingeni zethu, njengoko sihamba ezitratweni sigudlana amagxa nehlabathi, asifanelekanga ukuba njengabaya. Kwaye siphume ecaleni ukuze sibanike indawo, Nkosi, kwaye indawo elilungelo labo apha emhlabeni. Siyakuthabatha isihlalo esingasemva, sisazi ukuba singabameli abasuka kwelinye ilizwe. SinobuKumkani obuza kuba selulawulweni, Nkosi. Kwaye uKumkani wethu omkhulu uyakukhawuleza afike aze athabathela kuye zonke izikumkani ezikulawulo Lwakhe. Kwaye Uyakuphatha alawule; kunye Naye apha emhlabeni, amawaka eminyaka, aze abe kunye Naye naphakade.

⁷ Kunye noko engqondweni, Nkosi, ngoku sijonge phambili kwimpendulo yomthandazo wethu. Sijonge kuvumo lwethu. Ukuba senze nantoni na, sitsho nantoni na, okanye sicinge nantoni na, ebe inxaxhile kwintando Yakho enkulu, yenza iGazi likaYesu Kristu lisicoce.

⁸ Sikhokele, Nkosi, njengokuba udade atshiloyo ngobubusuku, malunga naye kunye nomyeni wakhe besendleleni eya eChicago. Bakhokele, Nkosi Thixo, kwindawo Onokuyisebenzisa, ukuze babe yimitha yokukhanya kwabanye abasaphuthaphuthayo ebumnyameni, abangayaziyo INkosi yethu uYesu. Ngoku sinikela inkonzo kuWe, kwaye siphulaphulela iLizwi lolungiso, ukuze sibe nokwazi ukuba singayilungiselela njani le yure inkulu, eGameni likaYesu siyacela. Amen.

[Indawo engenanto eteyiphini. UMzalwana uNeville uyaphawula—Mhl.]

INkosi ikusikelele. Enkosi, mzalwana.

⁹ Bendingakulindelanga oku. Ndi, ngokuba lapha ekhaya, ndizive ngathi ukuba bendingafanelekanga ngenene ndiye ndaweni ithile, ingxakeko, bendiyakuva kakubi kakhulu, mna ndihleli ekhaya kwaye ndingazi kumhlangano womthandazo. Kwaye ndibe nje ngohlobo oluthile ngogaxelekayo, ongalindelekanga, kum, nkqu nakusapho lwam. Ndingenile nje, ndaza ndaqalisa kwangoko ukumka. Kwaye ke ndithe, “Ndiya ezantsi kumhlangano womthandazo.” Kwaye akakhange abenalo nexesha lokulungisa ukuba eze, ke ebengazi ukuba ndiyeza.

¹⁰ Ke ndiyavuya ukuva ubungqina bukadade phaya, umzalwana, malunga nokwa kuKhanya phezulu eSouth Carolina okanye eNorth Carolina, ndaweni ithile. Greenville, yayi yiyo? [Udade uthi, “Hayi. eSouthern Pines.”—Mhl.] Southern Pines. Ewe.

¹¹ UMzalwana uLee Vayle ebelapha nje namhlanje. Ndimbhaptizile, namhlanje, kwinkonzo yobhaptizo apha namhlanje. UMzalwana uLee Vayle niyazi, kunye nabalungiseleli phaya, uMzalwana uParker Thomas. Kukho. . .

¹² Ndikhumbula i—ixesha, udade esityekelwe. Yayisisiqinisekiso esikhulu, dade, koko u...UMoya oyiNgcwele ngamanye amaxesha uyakusiyeka sibheke phambili kwaye avavanye ukholo lwethu, ukuze abone oko, kwaye avavanye ukholo lwabanye. Xa ujonge ngqo kwinto ethile, uze ubone into ethile, uze uyitsho; abanye bayajonga kwaye bangayiboni, bathi ayikho phaya. Yabona? Kodwa ikhona phaya.

¹³ Ngoku, kwakungekho bani onokukubona okwakuKhanya kwakundanda phezu koPawulos, kodwa kwakulapho Kona. Akukho bani walibonayo ela hobe lisihla liphuma eZulwini, kokwakuKhanya, kwisimo, kwaye kwajinga phezu koYesu, kodwa uYohane ngokwakhe. Kodwa kwakulapho Kona. Yabona?

¹⁴ Kwaye ke, emva koko, kamva xa ndandixelela abantu malunga noku kuKhanya kunje ngeNtsika yoMlilo, akukho namnye owafuna ukuyikholelwa. Kodwa ngoku iliso lobuxhakaxhaka bekhamera likubonakalisile Oko, ize kanjani Lonto.

Kwaye umoya ongcolileyo mnyama.

¹⁵ Kunje kanye ngobomi bethu, singamathunzi. Kwaye si...Ukuba sikukukhanya, apho ukuba ubomi bethu bumelana kunye nokuKhanya kwemini, sihamba ekuKhanyeni.

¹⁶ Inje kanye ngokuba ujonge uze utshi, “Ndibona ilanga,” kwixesha lemini. U—ubona isithunzi selanga. Sisibonakaliso selanga. Asilo langa, ngokwalo, kodwa ibonakalisa ukuba kukho ilanga. Ibonakalisa ukuba kukho ilanga.

¹⁷ Kwaye ngoku xa ndibona, njengoko nihleli khona phaya, nisebenzisa izipholisi-bushushu, nithetha, oko kuthetha ukuba niyaphila, kodwa kuphela sisithunzi sobomi.

¹⁸ Ngokuba, nantoni na kufanele ibe nobumnyama kuyo, ukwenza isithunzi. Yabona? Ngokuba, isithunzi kufanele sibe nobukhulu ubumnyama kunye nokukhulu ukukhanya, ukwenza isithunzi. Kwaye ayinakuba bubumnyama yonke, kwaye ayinakuba kukukhanya konke. Ukuba imnyama, imnyama ngenene. Ukuba kukukhanya, akukho sithunzi, akukhonto yokwenza isithunzi. Kodwa ukuba ixutywe nobumnyama kunye nokukhanya, yenza isithunzi.

¹⁹ Ke ngokwenene sizizithunzi zokukhanya. Ngoku ubonakalisa ubomi obusuka ndaweni ithile. Ukuba ungu, kwaye umKristu, oku kuba sisithunzi, kubonakalisa kuphela ukuba kukho uBomi apho ungenakufa, ngokuba obu bomi bunokufa kuko. Yabona? Kodwa sisithunzi, ngokuba uyaphila, isidalwa esishukumayo kunye nokukwazi ukubona, ukucinga, ukushukuma, nokuthetha, kunye nezimvo ezintlanu zomzimba. Kodwa noko uyazi, zi, ziyafa. Kwaye kukho enkulu ingxaki. Uyazi, inokuba kuphela yi...Kukubonakalisa, bona, ukuba kukho ubomi kunye nokufa kuxutywe kunye.

²⁰ Inyama kufanele ife. Kodwa ukuba uyabonakalisa, ngobomi bakho obunokufa, ukuKhanya kweZulu, ngoko ubonakalisa uBomi obungu Naphakade, uThixo. Ngoko xa usifa, akunakho ukungayi kokwakuKhanya, ngokuba Kuko okubonakalisileyo.

²¹ Ukuba ungowehlabathi lobumnyama, ubonakalisa oko, kwaye ungakwenza, akunakuya kwenye indlela koko kubumnyama. Yabona? Ke sisekubonakaliseni. Ke, siyakubona oko. Kwaye ngokuqinisekileyo njengoMoya oyiNgcwele ubonakalisa ukuKhanya kunye noBomi, kunjalo nokufa kubonakalisa ubumnyama.

²² Kwaye nazi apha zombini. Ngoms...Ngempela veki, mhlawumbi ngeCawa, sizakufumana ifoto elincinci lenziwe likhulu, ukuze libenokubekwa kwibhodi yemiboniso.

²³ Apho, umfanekiso *wenu* uxhonyiweyo apho kwibhodi yemiboniso. Andazi nokuba niyiqaphele na, okanye hayi. Kwaye ngoko...

Kwaye malunga neveki egqithileyo, e—eJamaica, apho ndandi mishinara. Sithumele iteyiphu kwihlabathi lonke. Kwaye *AMatywina Asixhenxe* abuyela emva eku...emva kude ngaphakathi kwimihlaba yaseJamaica, kude embindini. Kwaye yindawo esesemva kakhulu phaya, emva kwe Blue Mountain. Kwaye abemi belolizwe, ngamanye amaxesha, baba ne—nesishicileli—ziteyiphu esibafumanela sona, okufanela ukuba usi—usi, njenge Victrola endala, uyijije, uze emva koko uyiyeke—uyiyeke idlale ngolo hlobo. Emva koko, qho emva kwemizuzu embalwa, umntu othile kufanele ayijije.

²⁴ Eliqela laline—nebhethi encinci, umlinganiselo wamandla okwisithandathu, okanye enye into ethile, idlala isishicileli—ziteyiphu. Kwaye ba—babeleli bonke kunye, malunga noku kulapha ngobubusuku, bephulaphule kuloo *Matywina*, ndiyakholelwa yayingawo. Kwaye ngelixa ndandisathetha, baqaphela, kusiza egumbini, kweza laa Ntsika ikwane yoMlilo, yeza ngaphaya apho isishicileli—ziteyiphu sasikhona yaza yahlala ngaphezu komphezulu wayo. Kwaya bemka bayakuthabatha ikhamera baze bathabatha umfanekiso waYo. Kwaye nje kwa Leyo inye, nantso Iyiyo, indanda kanye apho ngaphezu kwayo. Ngoku siyifumana yandisiwe, ke sinokuyibeka kwi—kwibhodi yemiboniso phandle phaya, ukuze nibenakho ukuyibona.

²⁵ Sinombulelo kakhulu ngenceba kaThixo ethe yaziswa kweyethu...thina ebuKhoneni Bakhe kulo mhla. Ngoku sinombulelo ngezinto ezininzi.

²⁶ Ngoku ndiyacinga ndiyakujonga khona apha ndize ndibone ukuba ndinokufumana eminye, eminye imibhalo okanye enye, into ethile engenye endithe ndathetha kuyo. Okanye, nisifumanele uhlobo lwayo i—i...Ndinesichatshulwa

esibhaliweyo, nakanjani, emva apha encwadini. Ukuba ndinokufumana enye, mhlawumbi iNkosi iyakundinika into ethile ukutsho kwinto ethile, ngelixa sithandazayo.

Ngoku singxamele iCawa.

²⁷ Bendithetha kwiMiyalezo. Kwaye, ngeCawa, ndinigcine apha ixesha elide, kuqhubekeka, “Kutheni ukhala kum wena? Thetha ebantwini kwaye nibheke phambili.”

²⁸ Ngoku, ngeCawa yinkonzo yempiliso apho abagulayo bayakuthandazelwa. Ngoku, yiyani kwabagulayo, kwaye kuyakufanela ukuba kubekho isizathu sokuba abagulayo, xa sibathandazela, ukuba abaphiliswa. Kwaye ndifuna uku, ukuba iNkosi ithandile, ukwenzela nje intshumayelo emfutshane kusasa ngeCawa, nayo. Ke, ndizakuba nenkonzo yempiliso, kwaye ndithandazela bonke abantu. Kwaye uBilly Paul okanye abanye babo bayakuba lapha kusasa ngeCawa, malunga nentsimbi yesibhozo, xa inkonzo ivulwa, ukunika abantu amakhadi njengoko bengena ngesango, okanye naphina apho bayakungena khona.

²⁹ Kwaye ngoku, ngoko, ndifuna ukuzama, ndiyakholwa ukuba iNkosi ngandlela ithile indinike ukuqonda kwisizathu sokuba kutheni kukho abanye abantu abangaphiliswayo. Kwaye ndi—ndiyakholwa kukusilela ngokuqonda. Kwaye ndi—ndiyakholwa, mhlawumbi, siyakuthetha ngoko, kusasa ngeCawa, iNkosi ithandile.

³⁰ Ngoku, umhlangano womthandazo ngoLwesithathu ebusuku ngumhlangano nje omfutshane apho sihlangana kunye sithandaze, njengoko senzile, kwaye sizibandakanye kunye.

³¹ Ngamanye amaxesha, ndi—ndiyakholwa ukuba enye yezinto ezinkulu endithi ndiyifumana ngolusuku, kukusilela kokunyaniseka koko sikukholelwayo. Yabona? Yabona? Ukuba uThixo, ngemihla kaJohn Wesley, ebenokwenza ngaloo mhla oko Akwenzileyo namhlanje, ibinokwenza ntoni lonto; ngemihla kaMartin Luther, okanye nabanina? Njengoko simbona Esenza, ngokubini engqinwe liBanda, nguMoya; nangenzululwazi, kunye nentshukumo yonke, okwako—okwako ukuxutyisiswa kufanele kwazi. Kwaye iLizwi likaThixo apha libhengeza Yona kwaye lixela Yona phambi kokuba Yenzeke. Kwaye iqhubeka, kwaye iprofeta, kwaye ibonisa kanye into athe Wayitsho. Iyakwenzeka ngokugqibeleleyo, ngokuchanekileyo oko Akutshiloyo. Kwaye futhi sihlala ngohlobo lobuvila, ngokungathi simangele. “Kulungile, andazi nokuba oko kubhekiselele kum? Andazi nokuba ingathetha nje i—ibandla, ngokuquka. Okanye—okanye, andazi nokuba ndiyabandekanyeka ngenene kuLe?” Ndinga, ngeCawa kusasa, ndiyakuzama ukuthetha kweminye yaloo miqathango enokusikhanyisela kancinci.

³² Ngoku, ngobubusuku, ndifumene into ethile, tyhila nje kuyo apha, phambi kokuba ndihle ndize. Ndacinga, “Kungathini ukuba uMzalwana uNeville, ukuba ndifike ezantsi phaya, kwenzeke athi, ‘Yima uthethe,’ aze ahlale phantsi”? Yabona? Ndacinga, “Kungcono ndibhale phantsi iqelana leZibhalo.” Ngokuba, ndiyazi, u, ungumzalwana othandekayo kakhulu, kwaye si—simxabisile.

³³ Ngaphambi kokuba sithandaze ngeLizwi, ndifuna ukuqonda u—umzalwana. Andinakho nkqu ukubiza igama lakhe ngeli xesha, ababini babo. Balapha, abahlobo bam. A...Bangabashumayeli kunye nabavangeli, entsimini, bayaphuma. Bayivile le Miyalezo ngeteyiphu. Kwaye baphuma kumahlelo ecawa ezahlukeneyo, abafana abancinci ababini. Kwaye inkwenkwe injalo, enye yawo inomdla kakhulu, de yabhabha ukuhla, eTucson, nje kungekudala, ekuvaleni umhlangano. Ndiyakholwa ndandikwi Sidlo sakusasa saMadoda angooSomashini. Kwaye umfo omncinci, olungileyo umfo omncinci, wehla weza. Kwaye u... .

³⁴ Ngabase Kansas. Kwaye basuka kude kangako ukuza apha ukuze ndibatshatise. Ndikuxabisile oko. Ukucinga ukuba abantu abakholelwayo kwimithandazo yakho, ngokwaneleyo, bakholwe ukuba uThixo uyakuva kwaye aphendule; abantu abancinci beqalisa ebomini, ngokolu hlobo. Kwaye xa bafikayo apha ukuza kum ukuba ndibatshatise, izolo, ukufumanisa ukuba umthetho welizwana lase Indiana ufuna, kwaye nangona ngovavanyo lwabo lwegazi, balinde apha kwilizwana, iintsuku ezintathu, ngaphambi kokuba babenokutshata. Ke, abanakutshatiswa de kube ngoLwesihlanu kusasa.

³⁵ Kwaye ndiyakucela umzalwana wethu apho ekupheleni, ukuba nje angema aze asixelele ukuba ungubani, kwakunye nenekazi lakhe elincinci elihle phaya, kunye nomzalwana olandelayo.

³⁶ [Umzalwana uthi, “Enkosi, Mzalwana Branham. Yinyhweba ukuba lapha. Kwaye ndi...Mzalwana uRoger kwaye mna ndihlale eKansas, ndihambe emasimini, njengomvangeli, ndixela, ‘Yesu uyasindisa, uyaphilisa, ngokholo kuYesu...?..?’ Ndasoloko ndipakisha...?.. Lona ngondinganileyo, uPatricia Brown. Sizakutshata, ngoLwesihlanu. Iqabana lam ebuvangeline kunye neqabane emsebenzini, uMzalwana uRonnie...?..ekupheleni. Kunye noMnu. Peetree kwa kwenye...?..”—Mhl.]

³⁷ Enkosi, kakhulu. Siyabanqwenelela ngenene ababameli bancinci, ngomsebenzi weNkosi uYesu, iintsikelelo zikaThixo, zibakhawulezise endleleni. Kwaye njengoko ndimangele, ndilindile Ukuza kweNkosi, nokubona amadoda amancinci nabafazi abancinci kunye nokuzimisela entliziyweni,

ukukhonza uKristu, iyandigcobisa lonto, yabona, ukubona bona bephakama ngoluhlobo. INkosi inisikelele, ngobuninzi, mzalwana wam, dade.

³⁸ Ngoku masityhile ngaphaya kwiNcwadi encinci endiganzange ndathetha ngayo ngaphambili, ebomini bam. Kwaye iyenkulu. . . Sisahluko esinye nje, incwadi kaFilimoni. Kwaye iyi. . .

³⁹ Ndingum Irish nje omncinci, kwaye ndi—kwaye ndinalo icingo kumazinyo am angezantsi, ukubamba aliqela ngasemva abesendaweni. Ngamanye amaxesha andiwabizi kakuhle lamagama, xa ndisazi oko akuko. Kwaye ngamanye amaxesha andinakho ukuwabiza kakuhle, ngenxa yokusilela kwemfundo. Ke, “Filimon,” omnye uyitshilo emva phaya, endicinga ukuba lolona hlobo luchanekileyo lokuyibiza.

⁴⁰ Ngoku, umqolo woku-1, ndifuna nje ukuthabatha ilizwi okanye amabini kuwo.

UPawulos, umbanjwa kaYesu Kristu, . . .

⁴¹ Kwaye koko endifuna ukukusebenzisa ngobubusuku, njengesiqendwana, iNkosi ithandle, ngu: *Umbanjwa*.

⁴² Ngoku, kunganzima ukuba ucinge uPawulos abhekiselele kuye njenge banjwa. Ezalwe ikhululekile indoda, izaliswe nguMoya oyiNgcwele, kodwa noko uzibiza “ibanjwa.”

⁴³ Kwaye ngoku siyafumanisa, xa ebhekisa kumaKorinte, “UPawulos, umpostile kaYesu Kristu.” Ngelinye ixesha, “UPawulo, isicaka sikaYesu Kristu ngokwe ntando kaThixo,” xa ethetha noTimoti, owahlukileyo. Ngoku xa ebhalela apha uFilimon, wathi, “UPawulos, umbanjwa kaYesu Kristu.” “UPawulos, umpostile,” ndingathanda ukushumayela ubusuku obunye kulonto. “UPawulos, i—isicaka,” ndishumayeke kulonto. Kwaye ngoko, “UPawulos, umbanjwa.”

⁴⁴ Kodwa, ngobubusuku, ekubeni kuthabatha iiyure ukuqwalasela ngokufanelekileyo esinye sezihloko, endingathanda ukusithabatha, ngobubusuku, “UPawulos, umbanjwa,” kwaye ndithathe umxholo wo: *Umbanjwa*.

Ngoku masithobiseni iintloko zethu nje okwethutyana.

⁴⁵ Nkosi Yesu, nayiphina indoda, enakho ngokwasenyameni, ingatsalela ngemva amaphepha aleBhayibhile, kodwa kuphela nguMoya oyiNgcwele onokuyitolika Yona kwimo ebibhekiselele kuyo. SiyaMcela ukuba eze ngoku kwaye asincede ukuba siqonde ukuba yayiyintoni, eyathethwa, lo omkhulu, onamandla umprofeti, uPawulos, kodwa noko ezibiza “umbanjwa.” Wanga uMoya oyiNgcwele angakutyhila oko kuthi njengoko silindile kuYe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

⁴⁶ Ngoku ndingafane ndicinge, uPawulos, xa wabhalela lencwadi uFilimon, wayehleli njani ejele,

ezantsi apho eziseleni zesi sixeko, u—u—umbanjwa. Kwaye enokwazi ngokupheleleyo, ngokwesikhundla sakhe ukuba igama lithetha ntoni. Wayerhangqwe zi—zi—zintsimbi. Wa—wayenokukhululeka kuphela xa umntu othile enokumkhulula. Kwaye wayesazi ukuba kwakuyintoni ukuba ngumbanjwa. Kwaye ngoko, kwakhona, ndiyakholelwa ukuba u—umpostile uthetha nje okuncinci. . . hayi ukubhekisa ncam kwisimo sakhe selixesha, njengokuba ngumbanjwa ngokwe—kwesiqu sakhe sasenyameni ehleli kule—kulejele. Kodwa ndiyakholelwa wayebhekisela kwesakhe—sakhe isiqu, owakhe—owakhe—owakhe umoya, eyakhe intando, ekubeni engumbanjwa kuKristu Yesu.

⁴⁷ Ngoku, sonke sizalwe, sizizimo ezikhululekileyo, zokwenza nasiphi isigqibo esisinqwenelayo. UThixo ngobulungisa uyakwenza oko. Ngokuba, kufanele Abeke wonke umntu kwiziqalelo ezinye, okanye Ubeke umntu ongalunganga kwi. . . Wabeka umntu wokuqala kwiziqalelo esingalunganga, sokuba Ambeke kwisimo esikhululekileyo. Yabona? Sinjalo kanye gokuchanekileyo, ngobubusuku, njengo Adam no Eva. Akukho mahluko. Okulungileyo nokungalunganga kuhleli phambi kwakhe ngamnye kuthi. Ubomi nokufa, singenza ukhetho lwethu; kukuwe, ukusenza. Yabona?

⁴⁸ Yilondlela u-Adam no Eva benza ngayo, kwaye, yabona, kwaye—kwaye benza ukhetho olungalunganga. Kwaye ngoku, ngenxa yoko, babeka uhlanga lonke, uhlanga loluntu, phantsi kokufa, isohlwayo sokufa.

⁴⁹ Kwaye emva koko uThixo wahla kwimo yomntu waza wathabatha okwakufa, waza wahlawula isohlwayo sokufa, ukuze a. . . abalandeli Bakhe abanqwenela u—ukukhululeka bangahamba bekhululekile.

⁵⁰ Ngoku, ukuba Wasithabatha, ngaphandle kwendlela ekwanye Awayenzayo ku-Adam no Eva, nje ukusitsala ukusigqithisa kwinto ethile, athi, “Ndiyakunisindisa nokuba nifuna ukusindiswa okanye hayi,” ngoko Wabeka u-Adam no Eva kwi—kwiziqalelo ezingalunganga, uyabona. Kodwa ngamnye kuthi kufanele akhetha, ngalo mhla, phakathi kokufa kunye nobomi. Singayenza.

⁵¹ Njengoko ndisandula ukuchaza, ukuba ukukhanya kwakho kuyakungqina, ubomi bakho buyakungqina ngokuchanekileyo leliph icala okulo. Andikhathali nokuba leliph icala othi ukulo. Okwenzayo, yonke imihla, kungqina okulo. Nilivile elakudala lisithi, “Ubomi bakho buyakhwaza kakhulu, andinakubuva ubungqina bakho.” Yabona? Izenzo zakho—zakho ziyakhwaza.

⁵² Ndasoloko ndikholelwa ekungxoleni nasekuxhumeni. Kodwa ndasoloko ndisithi “Sukuxhuma ngaphezulu kunokuba

uphila, 'kuba ihlabathi lizakuqwalasela oko." Yabona? Kufuneka uxhume nje ukunyuka njengoko uphila, ke, ngokuba umntu othile ukuqwalasele. Kwaye ngoku xa . . .

⁵³ Abantu abayi kuza ebandleni. Ba—ba, abaninzi babo, abayi nje kuyenza. Kwaye abanye babo, abangeziyo, ngabantu abanyanisekileyo. Babona eninzi impalalo ebandleni, bade bangafuni nanto yakwenza kunye nalo. Kwaye amaxesha amaninzi, sithetha kwingcinga ezibuthuntu ngoko, akunakubatyhola, yabona, ngenxa ye—yendlela abenza ngayo abantu. Bazibiza ngokuba ngamaKristu. Bazezona ziqobo ihlabathi elinazo, ngumfazi nendoda obanga ukuba ngumKristu, kwaye uphila into eyahlukileyo kokuya bazibiza ngako. Injalo ngokuchanekileyo.

⁵⁴ Ngoku, ukuphoxeka kuyakubakho eMgwebeni. Ngoku, umoni, inxila, umngcakazi, nomkrexezi, aka—akasukuze aphoxeke ekuveni isigwebo sakhe sifundwa, "Ukuya kumlilo ovutha ngokungapheliyo." Akasukuze aphoxeke. Kodwa la mfo ozama ukuzifihla emva kohlobo lokuzibiza ngecawa, leyo yinkwenkwe eyakuphoxeka ngoMhla woMgwebo. Yabona? Okuya kuzibiza ngoba ngumKristu, kwaye uphile ngenye indlela eyenye. Bekuyakubangcono kuye ukuba zange nakanye enze naluphi uhlobo lokuzibiza, aqalise, kunokuba aqale aze aphile into eyahlukileyo. Ngokuba, usesona siqobo esinaso, ngulowa uzibiza atsho ukuba u—u—ungumKristu, aze aphile into eyahlukileyo.

⁵⁵ Soloko, ungagwebi ubomi bakho ngokuba mangakanani amandla onawo wokuba wenze imimangaliso. Kwaye asizigwebi ngokuba lungakanani ulwazi onalo ngeLizwi. Kodwa soloko uzigweba, jonga ngasemva kwaye uthabathe uhlobo lokuba luhlobo luni na lwesiqhamo obuthi ubomi obuphilayo ngoku busivezayo. Yabona?

⁵⁶ Njengoko ndashumayela ngaxesha lithile eligqithileyo, kumhlangano wamadoda angosomashishini ePhoenix, Arizona, ekubonakalisweni kukaYesu, ukubonakalisa uBomi bobuKristu. Ndathi ndazalelwa phezulu apha eKentucky, apho badla ngendebe endala kakhulu, ingakumbi emva ngexesha ndandise ngumntwana. Kwaye lenkwenkwe ithile incinci zange ibe ne—ne—ne—nekhaya njengoko sinalo apha, apho sinamanenekazi amahle afanele ajonge ezipilini, kwindlu yonke, ukugcina inwele zawo nje zisendaweni, njalo njalo. Kodwa yayinesipili esincinci, nje icebana elincinci lihlohlwe emthini ongaphandle, apho isitulo sokuhlamba sasikhona, apho unina noyale babehlabela khona, kwaye babekama inwele zabo, njalo njalo, kweli ceba lincinci lesipili esidala sihlohlwe emthini.

⁵⁷ Ngokuphandle, elo luhlobo lwekhaya esasinalo. Wonke ubani ufuna ukubona isipili, thina bantwana, kwakufuneka

sifumane ibhokisi size sikhwele kwisitulo sokuhlambela, size sijonge kwi-ceba lesi—lesipili endasicholayo, mna, etiphini. Kwakungekho ezantsi eKentucky. Kulapha e-Indiana, phezu e-Utica Pike apha.

⁵⁸ Ngoku, lomntwana mncinci wayengazange eneneni azibone ngolwahlobo. Ke, weza edolophini, ukuza kutyelela umakhulu wakhe. Kwaye e...Ikwigumbi lokukhenketha, umakhulu wayenendlu eyayinesipili esipheleleyo elucangweni. Kwaye ke, inkwenkwe encinci, ibaleka ingena e—egumbini, yabona enye inkwenkwe encinci phambi kwayo. Kwaye inkwenkwe encinci yayibaleka, nayo. Ke yacinga ukuba mayime imizuzu embalwa ukuze ibone ukuba umfanyana omncinci uza kwenza ntoni. Kwaye xa yemayo, inkwenkwe encinci yema. Xa yajika intloko yayo, inkwenkwe encinci yajika intloko yayo. Yakrwempa intloko yayo, inkwenkwe encinci yakrwempa eyayo. Ekugqibeleni, yasondelela, ukuze iphande. Yaza yajika. Kwaye unina eyiqwalasele, kunye noninakhulu wayo, ngokumangala. Yathi, “Kutheni, mama, lowa ndim.”

⁵⁹ Ke ndathi, okuya, “Nathi, thina, sibonakalisa into ethile.” Yabona? Ubomi bethu buyabonakaliswa.

⁶⁰ Kwaye ngoku, ukuba sasiphila ngemihla kaNowa, leliphicala esasiyakulithatha? Leliphi icala esasiyakulithatha kula mhla mkhulu owathi uNowa waphila kuwo? Leliphi icala esasiyakulithatha kwimihla kaMoses? Leliphi icala kwimihla ka Eliya, umprofeti, xa lonke ilizwe lalidityelwe ngaphakathi kwe—kwenkulu imfumba ye—yezalemihla, njengo Jezebhele walemihla, kwaye ezisusile zonke izicaka zeNkosi ngaphandle wazisa kwindlela yokuthanda ihlabathi? Kwaye ibandla kunye nababingeleli bonke babequbuda kuye. Ingaba wawunokuthatha icala lendumasi, okanye wawunokuma kunye no Eliya?

⁶¹ Ngoku, kwaye ngeentsuku zeNkosi uYesu, xa sasinokucinga ngaloMntu ungadumanga, ungafundanga ngehlabathi, akukho sikolo ababenokufumana ukuba Uye kuso, kwaye kungekho—kungeko mava aziko lemfundo. Kwaye—kwaye ngoko wavuka kunye negama “Lokuzalwa ngobugqakhwe.” Kwaye ngoko weza, eshumayela iVangeli eyayichasene kuyo nantoni kwababezifundisiwe. Kakhulu...Kwaye igweba abalungiseleli kunye nemibutho yabo, njalo njalo.

⁶² Kwaye imibutho yayenze i—i—ingxelo, “Ukuba nabani na ukhe nje waya kuva lo singa-mprofeti, uyakukhutshwa esikhungwini,” ntoleyo yayi—yayisisono sokufa. Kwakufuneka babopheleleke. Kuphela kwendlela ababenokunqula ngayo kwakuphantsi kwegazi lemvana. Kwakufanele beze kweli dini. Kwaye—kwaye ngoko babe ngabalahlalelwa ngaphandle, kwaye enjani yona ukuba nkulu into.

63 Kwaye le Ndoda zange izihoye ezo zinjalo. Kwaye noko Yayigqibelele kwiSibhalo, kodwa hayi ngendlela ebabesazi ngayo Sona. Leliphi icala owawunokulithatha? Yabona? Ngoku, suku. . . Ubomi bakho obuphilayo ngoku, bubonakalisa ngoku nje oko wawunokwenza ngoko, ngokuba usabanjiwe kwa ngumoya omnye. Yabona? Ukuba uthatha ela cala ngoku, kunye nabo, wawunokuba wenza njalo ngoko. Ngokuba, umoya omnye okuwe ngoku wawusebantwini ngoko. Yabona?

64 UMtyholi akakhe awuthathe umoya wakhe; uphuma nje emntwini aye komnye.

65 UThixo akaze awuthathe uMoya Wakhe, naye; Uphuma emntwini uye komnye. Yabona?

66 Ke, kwa uMoya omnye phezu ko Eliya weza ku Elisha, kwa omnye kuYohane uMbaptizi, njalo njalo.

67 UMoya oyiNgcwele, wawuphezu koKristu, weza phezu kwabafundi, konke ukuhla, kwaye futhi phezu kwabantu. Uyabona? UThixo akaze awuthathe uMoya Wakhe.

Ke kulapho sisele khona, ukuba senze ukhetho.

68 Kwaye a—andiboni apha apho uPawulos wayesola nenye into, kwaye esithi uyazisola kuba engumbanjwa. Kodwa wayezibiza yena. . . Ndiyakholwa ukuba uPawulos, njengoko wabhalayo lencwadi ngolwasiba, ukuba yayinguMoya oyiNgcwele owawumbangela ukuba abhale lanto. Ukuba, mhlawumbi, nkqu nangobu busuku, ukuba singatsala umongo wesiqendwana sethu, ukubonisa ukuba kutheni uPawulos wakwenzayo oku. Ngokuba, siSibhalo, kwaye iSibhalo singuNaphakade. Ndiyakholwa, ukuba, ehleli kwemdaka endala ijele, ukuba uPawulos wabhalela amaqabane akhe apha, ukuba, umzalwana wakhe, okokuba waye “ngumbanjwa kaYesu Kristu.” Ke, wayenokuyivakalisa ngokubona oko kwakumngqongile. Ngoku, wayesejele, kodwa oko asikuko awayethetha ngako, esi—esi sicaka sikaKristu, umlungiseleli kunye naye. Wayethetha ukuba wayengumbanjwa eLizwini likaYesu Kristu, 'kuba uKristu liLizwi.

69 Kwaye uPawulos wayesisifundiswa esikhulu ngomhla wakhe. Wayenebhongo elikhulu. Waye yi—waye yi—yi—yindoda eyayiqeqeshiwe nge, ngabantu, umfo ogama lingu Gamaliyeli, owayengumfundisi omkhulu womhla wakhe, esinye sezikolo ezikhulu awayenokuya kuso. Umzekelo, njengoko sisithi, Wheaton, okanye Bob Jones, okanye esinye sezikhulu esibalulekileyo isikolo. Wayefundisiwe nje—nje—nje ngomlungiseleli weLizwi. Kwaye wayefundiswe ngokucokisiweyo, kwaye esemgangathweni, kwaye inkwenkwe ekrelekrele kunye nebhongo elikhulu lokuba mhlawumbi ngenye imini abe ngumbingeleli okanye umbingeleli omkhulu kubantu bakowabo.

⁷⁰ Wayenebhongo. Kwaye ekufumaniseni, ukuba, elibhongo likhulu wayeqeqeshelwe lona, kwaye echithe bonke ubomi bakhe, ukusukela mhlawumbi kwiminyaka esibhozo okanye ishumi leminyaka ubudala, ukunyuka ukuya malunga namashumi amathathu okanye amashumi amathathu anesihlanu, xa wagqibayo kwanokholeji waza wathweswa isidanga; kwaye wabanazo zonke iidiploma zakhe kunye nayo yonke into, kwaye ekulungelelwano oluhle kunye nabo bonke a—abafundisi abakhulu, nkqu ukuya kumbingeleli omkhulu eYerusalem. Wayenemiyalelo esuka kuye, imiyalelo engqalileyo, ebhaliweyo, kwaye yanikezelwa ngokuthenjwa kulo Sawule mkhulu, “Ukuba ahambe ahle aye eDamasko kwaye akhangele bonke abo ezantsi phaya abanqula uThixo ngokuchaseneyo kunoko akutshiloyo, kwaye ababophe aze abavalele ejele. Ukuba kuyimfuneko, wayenomyalelo ukuba ababulale, ukuba uyafuna.” Waye. . . Wayenebhongo elikhulu.

⁷¹ Kwaye ngoku, konke oko wayekuqeqeshelwe, uThixo wakukhuphela konke ngaphandle kuye. Yabona? Kwaye oko kwakuyinjongo yakhe, kunye noko uyise awachithela kuko imali yakhe, kunye namabhongo kayise nonina, ayesusiwe onke kuye ngokuba laa—laa Thixo wayenento ethile. Ngenxa yoko, wayengumbanjwa kwinjongo zakhe awayenazo ebomini, kwaye wabangumbanjwa ku Yesu Kristu, OwayeliLizwi.

⁷² Loo ndlela ukuya eDamasko yamguqula uPawulos. Ukuhla, malunga nentsimbi yeshumi elinanye, mhlawumbi, emini, awabethwa wawiswa phantsi. Kwaye weva iLizwi, lisithi, “Sawule, unditshutshisela ntoni na Mna?” Kwaye wakhangele phezulu. Kwaye ekhangele phezulu, ekubeni engumJuda, kwaye esazi ukuba iNtsika yoMlilo yayiyi Nkosi eyakhokela abantwana bakaSirayeli, ngokuba wayesazi ukuba yaYintoni.

⁷³ Khumbula, lomHebhere wayengenakubiza nantoni na “Nkosi,” unobumba omkhulu N-k-o-s-i, Elohim, ngaphandleni kokuba wayenelisekile ukuba yayiYilonto, ngokuba wayesisifundiswa esiqeqeshiweyo. Kwaye xa wakhangele phezulu, waze wabona Oku, ukuKhanya, iNtsika yoMlilo eyabakhokelayo abantu bakowabo ukuhamba entlango. Kwaye wathi, “Nkosi,” Elohim, unobumba omkhulu N-k-o- . . . “Nkosi, Ungubani Wena?”

⁷⁴ Kwaye okunjani ukothuka esafanela ukuba nako esi sifundiswa sezakwalizwi, ukuthi, “Ndingu Yesu,” Lowo kanye wayechasene naye. Okunjani u—okunjani ukuphethuka! Owu! Owu! Kufanele ukuba yaba yinto eyoyikekayo kule ndoda, ukuba onke amabhongo ayo eyayinawo, ukufumanisa, konke ngaxeshanye, ebekutshutshisa. Amabhongo akhe amqhubela ku—kude kakhulu kweyona nto ewayebhekiselele ekuyenzeni. Kwaye okunjani u—ukothuka okukhulu okwakunokuba kuko, kulo mpostile, xa Wathi, “NdinguYesu,” Lowo kanye wayemtshutshisa. “Unditshutshiselani na Mna?”

⁷⁵ Esinye isicatshulwa esincinci esinokusithi thaca apha. Uyabona, njengoko behlekisa ngeBandla, abahlekisi ncam ngeBandla, bahlekisa ngoYesu. “Unditshutshisela ntoni na Mna?” Wayenokuthini uPawulos ngoko, kunye nabo bonke ubukrelekrele bakhe, ayikholelwe ukuba Oko yayi... ukuba eliQela awayelitshutshisa yayinguThixo uqobo awayebanga ukumkhonza? Ndinga ukuba iyi, ngaphandle kokuya kwinkcukhacha, ndicinga siqeqeshiwe sonke ngokuchanekileyo ngokwaneleyo ukuba sazi oko ndikuthethayo apha. Into ekwanye iyenzeka namhlanje.

⁷⁶ UPawulos, ngenxa yokungazi, kodwa noko wayekrelekrele kwaye esemgangathweni, esemgangathweni ngaphezulu kunaloo maGalili angafundanga awayewatshutshisa, awayeselethe ekuthobekeni kwawo ayamkela leNdoda njenge Nkosi. Kodwa, uPawulos, kwimfundo yakhe enkulu nakubukrelekrele bakhe, wayengenakukwamkela Oko. Kwaye okunjani ukuphethuka okwakunokuba kuko kuye, kulendlela. Kwaye wabethwa ngobumfama, ukuze angabinakho ukuqhubeka nomyalelo wakhe, kodwa wakhokelelwa ezantsi kwindawo esitratweni ekuthiwa sithe Tye, nasendlini yomnye.

⁷⁷ Kwaye kwafika umprofeti ezantsi apho, ogama linguHananiya, owabonayo embonweni, yena esihla esiza, wabona apho wayekhona, wehla waya apho wayekhona, waze wangena. Waze wathi, “Mzalwana uSawule, iNkosi ibonakele kuwe endleleni ezantsi; indithumile, ukuba ndingabeka izandla zam phezu kwakho, kwaye ufumane ukubona kwakho uze uzaliswe nguMoya oyiNgcwele.”

⁷⁸ Bona apho wayekhona. Enjani i—enjani into eyayinokuba yiyo kuPawulos! Yabona? Konke oko wayekuqeqeshelwe ukwenza kwakuphendulelekile. Ke ngoku, kunye—kunye nayo yonke imfundo awayenayo, ya—yaba yeyingento kuye.

⁷⁹ Ngoku, wayesazi ukuba unamava. Ke apha sesinye sesifundo esilungileyo kuthi, ukuba, amava odwa awanelanga. Ifanele ibengamava ngokweLizwi leNkosi. Ke, yena ebona oku, kwaye esazi ukuba Yayi Yinto ethile enkulu, ngoko, lamntu uthile ongomnye wayeyamkela Yona ngaphambi kwakhe, wathabatha iminyaka emithathu kunye neenyanga ezintandathu ezantsi e—entlango e-Arabhiya; ethabatha i—iBhayibhile, njengoko ngoko Yona, iyiTestamente Endala, kwaye esiya ezantsi apho, ukuya—ukuya kuthelekisa lamava awayenawo, ukuze abone ukuba Aye ngokweSibhalo.

⁸⁰ Ngoku ukuba wayenokuthi, “Kulungile, ndiyaqikelela okuya ibi sisivuthavuthana nje esincinci,” aze aqhubeke? “Ndizakulandela ubukrelekrele bam”?

⁸¹ Ngoku, kwafuneka abanjelwe kokuthile, umbanjwa. Ke emva kokuyithelekisa, kunye nokubona, akumangalisi ukuba wayenokubhala iNcwadi yamaHebhere, ngokomfuziselo.

Yabona? Iminyaka emithathu kunye nesiqingatha ezantsi phaya, elele eLizwini, kwaye efumanisa ukuba kwa uThixo omnye owathi wambiza wayembuyisela, kwaye eguqula bonke ubukrelekrele bakhe, eguqula konke oko wakhe wakucinga, konke oko waqeqeshelwa ukuba kuko. Onke amabhongo akhe, atshayelwa nje asuswa kuye, waze waba ngumbanjwa. Uthando lukaThixo lwaba lukhulu kakhulu, kwaye esinjalo i—isityhilelo, awayengenakusuka Kuso.

⁸² Oko ngamava enyaniso alo lonke ikholwa lenene elidibene noThixo. U—uhlangana Nento ethile enkulu kakhulu, othi u...othi—othi ube ngu—ngumbanjwa, kuyo yonke enye into. Yabona? U—uyesuka kuyo yonke into, ukuzibambisa wena kuLe.

⁸³ Icaciswa ngaxesha lithile apho uYesu wathi, “UBukumkani beZulu bunje ngendoda eyathenga iperile. Ngoko xa yayifumanayo la Perile inkulu, yathengisa konke enako, ukuze ifumane Leya.”

⁸⁴ Kwaye yiloo ndlela apha. U—unobukrelekrele bengqiqo, unawo a—a—a—amava emfundo yezenkolo; kodwa xa ifika kwixesha othi xa u—u—ufumana ngenene eyona Nto, u—uthengisa nje yonke enye into, kwaye uyazivalela kuLe.

⁸⁵ UPawulos wayesazi ukuba yayiyintoni. Wa—wafumana ukuba wayebotshelwe kwiNto ethile. Njengoko sibeka i—i—ihashe edyokhweni, kuku—kukutsala into ethile. Kwaye uPawulos wayesazi, emva kwala mava, kunye neminyaka emithathu kunye nesiqingatha sokuzekelisa a—amava awayenawo, kunye neBhayibhile, waqonda ukuba uThixo wamketha kwaye wambophelela ngoMoya oyiNgcwele, amava awayenawo, ukutsala iVangeli ebukhoneni beeNtlanga. UMoya, Ngokwawo, wambopha.

⁸⁶ Kwaye, namhlanje, njengezicaka zikaKristu, siba ngababotshiweyo, sirhintyelwe. Asinakumka. Sidityanisiwe kunye Nayo, sabotshelwe eLizwini. Nokuba angathini omnye ubani, ubotshelwe kuLo. Kukho into ethile malunga Nalo, ongenakho nje ukusuka kuLo. Ube ubotshiwe kunye Nalo, ngoMoya oyiNgcwele, ukubophelele kwiLizwi. Akukhathaliseki nokuba nabanina omnye uthini na, Li Lizwi. Oko kusoloko kubotshwe kunye Nalo, ufakwe edyokhweni kunye Nalo. ELizwini, ngoMoya, wayebotshiwe.

⁸⁷ Wayefunde kwi—kwicala elingemva kwentlango i-Arabhiya apho. Xa, zonke izinto zakhe zangaphambili, kunye namava, kunye namabhongo, awathi, wahlutywa ezo zinto.

⁸⁸ Ngoku, kulapho sifumana, namhlanje, ukuba kufanele sihlutywe, kuqala. Kwaye abantu abafuni kuhlutywa. Umzalwana waseMethodist ufuna ukubambelela kokuncinci kwemfundiso yakhe yaseMethodist. Uh-huh. Umzalwana waseBhaptizi ufuna ukubambelela kokuncinci kwemfundiso yakhe yaseBhaptizi. Yabona? Kodwa ufanele ngokupheleleyo

uhlutywe yonke into, kwaye nje uzalwe ngokutsha, ngobutsha. Kwaye uthabathele ukusuka apho, uvumele uMoya oyiNgcwele ukhokele. Awunakuthi, “Kulungile, ngoku, u—utata wathi, xa engena, waya ecaweni, waxhawula izandla kunye nomalusi. U, ulelilungileyo elithembekileyo ilungu.” Oku kwakusenokuba mhlawumbi kulungile ngokobuhlanga bakhe, kodwa silolunye uhlanga. Yabona? Ngoku kufanele sibuyele emva kumaxesha eBhayibhile alo mhla.

⁸⁹ Ababingeleli babebotshiwe, nabo. Kodwa, uyabona, babeze ngapha kwelinye ixesha, kwaye bo—bohluleka ukuhluba ukubotshwa kwabo okudala kwaye bafake ukubotshwa okutsha.

⁹⁰ Kwaye kwa into enye esiyifumanayo namhlanje. Siye saphuma kwisigaba sobuhlelo, njengoko sikungqinisileyo ngezigaba zamabandla, iBhayibhile, nanjalo njalo, kodwa size ngoku kwisigaba esikhululekileyo, apho uMoya oyiNgcwele Ngokwakhe esiza ehle aze azingqinele Ngokwakhe, aze Azazise, enze sonke isithembiso Asithembisileyo, senzeke. Owu, bethu! Elinjani ukubaluleka ixesha!

⁹¹ Kwaye wayekwazi oko, enye into, wayesazi ukuba akanakuya kwiindawo. Kuba, ekubeni ebotshelelwe koKu, ukuba akanakho. Ukuba akwenze, kodwa wa—wayefuna ukuhamba. Wayesazi ukuba amabhongo akhe amtsalela phakathi kwabazalwana apho wayemenyelwe ukuba aye, kwaye noko wayexinezelelwe eMoyeni ukuba enze into ethile engenye. Wayengenguye owakhe.

⁹² Mhlawumbi ubani angathi, “Mzalwana uSawule, Mzalwana uPawulos, sifuna ukuba uze ngapha, ngokuba sineyona inkulu icawa. Sineyona inkulu irhamente. Iminikelo yenu iyakuba mikhulu, njalo njalo.”

⁹³ Kodwa ekubeni exinezelelwe eMoyeni, wacinga, “Ndinomzalwana ngaphaya. Ndingathanda ukuya ngaphaya ukuze ndimsindise lo mzalwana, ndimse eNkosini.” Kodwa, noko, uMoya wamxinezelela ukuba aye ndaweni ithile ingenye. Wayengumbanjwa. Ngokukuko.

⁹⁴ Owu Thixo, senze amabanjwa ngolwa hlobo, ukusuka kumabhongo ethu ekkratshi, nakuku gweba kwethu kunye nendlela yethu yokucinga, ukuba ndibe ngumbanjwa kaYesu Kristu. Ndingcinga ukuba yayi yintetho enkulu, ukuba, “Ndingumbanjwa kaYesu Kristu.”

⁹⁵ Kwaye khumbula, UliLizwi. Yabona? Akukhathaliseki nokuba omnye othile ucinga ntoni, liLizwi. Yabona? Ukuba ungumbanjwa kwiLizwi, akukho hlelo linokususa kuLo. Lili—liLizwi. Uli...Ulibanjwa nje kuLo, kuko konke. Kufanele wenze ngendlela eyenza ngaYo.

⁹⁶ Ngoku, akanakuya kwiindawo ezithile ebenokuthanda ukuya, ngokuba (kutheni?) uMoya uyamalela. Khumbula,

kumaxesha amaninzi, ukuba uPawulos wayezama ukuya kwindawo ethile, ecinga, “Apho kulapho ndiyakuba nomhlangano omkhulu,” kodwa uMoya ubungayi kumvumela. Ngoku, ingaba oku kuchaza ngokucacileyo kwaye kungqine ukuba uPawulo wayengumbanjwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Umbanjwa kuYesu Kristu, ebotshelelwe eLizwini Lakhe, ngoMoya! Owu! Ndiyakuthanda oko. Uh-huh.

⁹⁷ Wayebotshiwe. Wayebotshwe ngamatyathanga, nangamakhmandela othando, ukuba enze intando kaThixo, kwaye yona yodwa. Wayengumbanjwa. Waye kumakhmandela othando. Waye kwidyokhwe kunye noKristu. Wayengenakho ukuzibophelela nangenye enye. Wayebotshelwe kunye Naye. Kwaye apho Inkokhelo iyayo, kulapho kwakufanele aye. Kungakhathaliseki nokuba liluhlaza kangakanani idlelo, apha *kweli* icala okanye *kwela* cala, kwakufanele ukuba aye ngendlela Umkhokeli kunye nedyokhwe ziza ngakhona.

⁹⁸ Owu, ngobubusuku, ukuba si, njengoMnquba kaBranham, sinokuba kuphela ngamabanjwa; kubuqu bobukratshi bethu, kumabhongo ethu, okokuba singazinikezela ngokupheleleyo kwaye sibotshelwe kuYe, nokuba ihlabathi lonke licinga ntoni, nokuba ihlabathi lonke lenzani. Sibotshelwe ngamakhmandela othando. Singamabanjwa. “Inyawo zam zibotshelwe kakhulu kuKristu, azinakudanisa. Amehlo am abotshelwe kakhulu kuKristu, de ndi, xa ndibona aba balemihla ozihlubayo ezitratweni, Ijika intloko yam. Iintliziyo yam—yam ibotshelwe kakhulu kuthando kuYe, de ndingabinalo uthando lwelihlabathi, nanini na. Intando yam ibotshelwe kakhulu kuYe, de ndingazi nokwazi ngoku ukuba yintoni amabhongo am. Nje, ‘Naphina apho Undikhokelelayo, ndiyakulandela, Nkosi.’ Ndiyakuba libanjwa.” Yabona?

⁹⁹ UPawulos wayelibanjwa ngokukuko. Wayengenzi nanye intetho engeyiyo. Wayeqeqeshiwe nguMoya oyiNgcwele, kwakhona, ukuba alindele eLizwini. Ngoku, wayeqeqeshiwe ngendlela enye, kodwa—kodwa uThixo wamqeqesha ngenye indlela ngoku. Wayeqeqeshwe nguMoya oyiNgcwele ukuba alindele eNkosini, nokuba amabhongo akhe ayeyintoni.

¹⁰⁰ Ngoku ndizaku, ngoncedo lukaMoya oyiNgcwele, ndinibonise into ethile. Yabona? Ngoku masithathe nje umzekelo.

¹⁰¹ Ngenye imini, uPawulos kunye noSilas, besiza besihla ngesitrato kwisixeko esithile apho babebambe imvuselelo. Kwaye encinci, eneedemoni intombazana yaqhubeka ibalandela, ikhwaza emva kwabo. Kwaye ngaphandle kwamathandabuzo wayesazi uPawulos ukuba ungunya, njengompostile, sokuwukhalimela la moya ungcolileyo uphume

kula mfazi. Kodwa uqaphele? Walinda, usuku emva kosuku, kwade, konke ngequbuliso, uMoya oyiNgcwele wathetha kuye, wathi, “Lena yiyure.”

¹⁰² Kwaye wathi, “Moya ndini, phuma kuye.” Yabona? Wayazi makalindele kwiNkosi.

¹⁰³ Kwaye apho kulapho abaninzi abantu namhlanje bazisa ihlazo phezu kweLizwi. Baphumela ngaphandle ngebhongo. Zingaphi iimvuselelo ezishiywe zisicaba ngenxa yento enjenga leyo, ngokuba umvangeli akalindi ukuze abone oko iNkosi ezakutsho! Abanye babo bathi, “Yiza ngapha,” kwaye ba—baya kanye ngoku ngokuba i—intlangano ithe, “Hamba.” Kwaye uMoya oyiNgcwele uyakutsho into ethile eyahlukileyo. Noko, ibhongo lomntu lokuba ngumdala, okanye—okanye into thile engenye, okanye indoda enkulu, okanye ubhishop othile, okanye into ethile iyakumtsala, “Kufanele uhambe.” Kwaye, noko, wazi ngcono. UMoya oyiNgcwele usithi, “Yiya *apha*.” Yabona? Ubotshelwe kumbutho wakhe. Ungumbanjwa kumbutho.

¹⁰⁴ Kodwa ukuba ubotshelwe kuKristu, ukhokelwa nguMoya oyiNgcwele. U...?...Yabona? U, ubotshelwe, umbanjwa. Akwenzi namnye umahluko nokuba nayiphi engenye ithini; yi—iyi—iyi—inxina ehlokomayo necangci elikhencezayo. Uva kuphela iLizwi likaThixo, kwaye uthetha kuphela xa Liphuma. Akathethi nto.

¹⁰⁵ Umntu othile uthi, “Owu, owu, Mzalwana uJones!” Mzalwana uRoberts, okanye abanye, la madoda abalulekileyo kumhlaba wethu namhlanje, njengo Tommy Hicks, okanye—okanye—okanye u-Oral Roberts, okanye—okanye uMzalwana uTommy Osborn, abanye babo bavangeli bakhulu. Ukuba umntu othile unokuthi, “Ndithi, yiza ngapha, Tommy. Uyindonda ebalulekileyo kaThixo.” (Okanye u-Oral.) “Kwaye ndi—ndi naye u—umalume olele ngapha, othe—othe wabopheka. Kwaye u—uyagula. Ndifuna wena uze ngapha. Ndiyakholwa unamandla okumphilisa.” Yabona?

Kwaye mhlawumbi uMoya oyiNgcwele uyakuthi kuye, “Hayi ngoku.”

¹⁰⁶ Kodwa, noko, kubuhlobo bala ndoda, ubophelelekile ukuba ahambe nayo. Ukuba akayenzi, uyakuba lutshaba kula ndoda. La ndoda ithi, “Kulungile, uye kuzibani-bani, waphilisa la mntwana okanye la nkwenkwe. Ndiyazi ukwenzile. Kwaye ndibe ndingumhlobo wakhe, iminyaka, yabona, kwaye akezi kwindawo yam.”

¹⁰⁷ Kodwa ukuba unyanzelwe nguMoya oyiNgcwele ukuba angayi, kungcono angayi, ukuba ubotshelwe kuThixo. Umhlobo wakhe, uyamthanda. Kodwa kungcono akhokelwe nguMoya oyiNgcwele ukuya apho, ngokuba ayisayi kwenza nto ilungileyo, nakanjani. Ndikufumene oko amatyeli amaninzi.

¹⁰⁸ Kodwa uPawulos walinda nje kuMoya ukuba umxelele amakakwenze. “Lindela kuMoya,” utsho. Wema ngobunye ubusuku, eshumayela. Kwaye waphumela ngaphandle apho. Wabona indoda esisiqhwala. Kwaye konke ngaxesha nye, uMoya wathetha naye, kwaye wathi, “Ndiyabona.” Njani? Indlela awabona ngayo ukuba babeza kuntlitheka, esiqithini. Yabona? “Ndiyabona ukuba unalo ukholo lokuba uphiliswe. Yima ngeenyawo zakho. UYesu Kristu ukuphilisile.” Yabona? Nako ke apho ukhoyo. Waye—waye e...Wayebotshelelwe. Wayenokuba wayenemvuselelo yeveki apho kwaye akwabakho nto yenzekayo, kodwa noko walindela kuMoya oyiNgcwele ukuba uthethe. Yabona? Wayebotshelelwe koluya bizo.

¹⁰⁹ Ngoku uthi, “Mzalwana uBranham, wohlwaya oko ukutshiloyo ngeCawa, malunga nawe ube ulindle lonke elixesha.”

¹¹⁰ Kwaye, kodwa, uyakhumbula, yayinguMoya oyiNgcwele owathetha nam phezulu phaya endleleni, waze wathi, “Ndikuthumela emva kwabagulayo nabaxhwalekileyo.” Yabona? Kukuthobela kuMoya oyiNgcwele. Andizange ndihambe wade Wandixelela ukuba ndiyenze. Ndandilindele u-ITSHO INKOSI, de ndifumane u-ITSHO INKOSI. Ngoku, oko kwahlukile. Yabona? Ngoku, Yona, Oko kwenza umahluko. Ewe.

¹¹¹ Walindela iLizwi leNkosi. Waye nxinzelelwe eMoyeni, ukuba enze kuphela akuthunywa nguThixo, ngoko waba ngumbanjwa kaYesu Kristu. Zihlobo, ukuba nje singaba ngamabanjwa!

¹¹² Ndiyazi kushushu. Kodwa ndi—ndingathanda ukuchaphazela eziliqela ngaphezulu izimilo, ukuba ninganakho. Ndina malunga nesithandathu okanye isibhozo endisibhale phantsi apha. Kodwa ndi—ndingathanda ukuchaphazela esinye isimilo okanye ezibini.

¹¹³ Masithathe isimilo sikaMoses. Wayezalwe engumkhululi. Kwaye wa—wa—wayekwazi oko, ukuba wazalwa engumkhululi.

¹¹⁴ Kodwa ngaphambi kokuba nditsho ngoMoses, ndingathanda ukwenza le ntetho, yokuba, uThixo usoloko efanele athathe nayiphi indoda, eyakumkhonza Yena ngokunyanisileyo, ukuba ibe ngumbanjwa Wakhe. Indoda kufanele inikezele lonke ibhongo enalo, yonke into eyiyo, yonke—yonke into, ubomi bayo, umphefumlo, umzimba, intando, amabhongo, kunye nayo yonke enye into, kwaye ibe ngopheleleyo, umbanjwa kuKristu, Lowo uliLizwi, ikhonze uThixo.

¹¹⁵ Ungabe uhamba nxaxhileyo, kwingqiqo yakho engcono. Mhlawumbi, kumbutho othile, ungacinga ukuba bangakuphakamisa baze bakunike into ethile enkulu,

yokuba ungakhazimla. Kodwa yintoni oyifumanayo ngawe? Uzifumana woyisiwe, emva kwethuba, ade uThixo afumane indoda evumayo ukuba ngumbanjwa kuYe.

¹¹⁶ UThixo ukhangela amabanjwa. Wasoloko eyenza. Ungaphanda kwiSibhalo. Indoda kufanele ukuba ibe ngumbanjwa kuKristu, ngokuchasene nayiphi into. Ngenxa yoko, akunakunxulumana nenye into ngaphandle koKristu; nkqu notata wakho, umama wakho, umntakwenu, udade wenu, umyeni wakho, umfazi wakho, nabani na. Unxulumene kuphela noKristu, kwaye Yena yedwa, ngoko uThixo angakusebenzisa. Kude kube ngoko, akunakho.

¹¹⁷ Ukuphumela ngaphandle, ngamanye amaxesha ndithetha rhabaxa nabantu. Yabona? Ndi—ndizama ukunenza niqhawule. Ufanele ukuba nendawo oqala kuyo, njengelineye ixesha ndibiza abafazi abaphotha iinwele zabo kwaye banxibe ezi mpahla, kwaye babambe baze bagcine ukuzibiza kwabo kobuKristu. Uthi, “Leyo yinto encinci.” Kulungile, kufanele uqala ndaweni ithile. Ngoko qalisa kanye apho, ko ABC bakho. Yabona? Kwaye uqhawule ukukhangeleka okwehlabathi, nakanjani, kwaye ubengumbanjwa kuKristu. Kwaye emva koko qhubeka nje, qhawula yonke into, de ekugqibeleni umga wokugqibela uqhawulwe. Ngoko ungu—ungu. . . Ungumbanjwa ngoko. Uba kukuxhakamfulwa Kwakhe. U, Ukufumene ekuxhakamfuleni Kwakhe.

¹¹⁸ Ngoku, uMoses wayesazi ukuba wayezalelwe ukuba ngumkhululi. Wayeyazi lonto. Kwaye ingaba uqaphele, ngebhongo awayenalalo uMoses; esazi ukuba unina umxelele khona ngaphaya, njengoko wayeyimpelesi yakhe.

¹¹⁹ Akukho mathandabuzo, xa uMoses inkwenkwe encinci yazalwa, ukuba unina wathi, “Uyazi, Moses, xa. . . Utata wakho, u-Amram, kunye nam sathandaza ngokuzingisa. Sasisazi, kwaye sabona eLizwini, yayilixesha lokuza komkhululi. Kwaye sathandaza, ‘Nkosi Thixo, sifuna ukubona la mhlangu. ’ Ngobunye ubusuku, iNkosi yasixelela, kumbono, ukuba uyakuzalwa, kwaye uyakuba ngumkhululi. Sasingawoyiki umthetho kakumkani. Sasingakhathali ngoko wayekutshilo ukumkani. Ngoko, sasisazi ukuba wazalwa ungumkhululi. Ngoku, Moses, siyazi ukuba asinakukukhulisa ngendlela efanelekileyo.”

¹²⁰ Ngoku khumbula, babesezantsi phaya, amakhulu amane eminyaka eYiphutha. Yabona?

¹²¹ “Kwaye sa—sasifuna ukukufumanela i—into elungileyo, imfundo elungileyo, uqeqesho olulungileyo. Ke, ndakuthabatha ndakufaka kumkhonjana omncinci, ndaze ndakufaka kumlambo iNile. Kwaye okunjani ukungaqheliki, kokuba umsinga wathabatha lamkhonjana mncinci wawugqithisa kwiingcongolo nemizi, kwaye wawuzisa kanye

ezantsi apho, iimayile kude, kwaye wawujika wawusa kanye kwibhotwe likaFaro, apha abakhe. . . Intombi kaFaro yayikho, apho iqula layo lokuhlamba lalikhho. Kwaye ndandisazi kanjani oko—oko ukuba wayefuna umfazi wokukhulisa.”

¹²² Kwaye ngaloo mihla, kakade, babengenazo ezi bhotile zokukhulisa iintsana, ke kwafuneka abe—nencancisayo impelisi. Ke. . .

¹²³ “Kwaye, uMiriya, ndamthuma ahle. Kwaye wema apho, kwaye wathi, ‘Ndiyazi apho ndinokufumana khona impelesi encacisayo,’ kwaye weza wandibiza. Kwaye, uMoses, iingcango zomke zivaliwe. Sthandwa, uneshumi elinesithandathu leminyaka ubudala ngoku, kwaye uzakuba ngunyana kaFaro. Kwaye ngenye imini uzakuba ngumkhululi ozakukhuphela abantu ngaphandle kwalapha.”

¹²⁴ Ibhongo likaMoses laqalisa ukukhula. “Ndizakufunda, mama. Ndizakufunda yonke into endinakho. Uyazi endiyakwenza? Ndiyakufunda indlela yokuba yindoda yomkhosi, kwaye ndiyakukwazi indlela yokuthabatha ndikhuphe ababantu ngaphandle kwalapha. Ndiyakuba yinjengele enkulu, ubhishop, ukuze ndazi ukuba yenziwa njani. Kwaye ndiya—ndiyakusikhupha. Ndiyakufumana iPh.D okanye iLL. yam. Ndiyakuyenza.”

¹²⁵ Njengo “Bawo Chiniqy,” ukuba wakhe wazifunda iincwadi zakhe. Kulungile. Uza “kukhulula onke amaProtestanti,” uyazi, kwaye waba ngomnye, ngokwakhe. Ke, lombingeleli mkhulu, kwiminyaka eyagqithayo, “uBawo Chiniqy,” kufanele nifumane incwadi yakhe nize niyifunde. Bambiza, “bawo.” Ungu Mzalwana nje uChiniqy, into eyayi yiyo. Asibizi nanye indoda “bawo,” ngolohlobo. Ke siyafumanisa ukuba—ukuba si. . . Wayezakufunda iBhayibhile, ukuze afike phaya aze aphikise inkolo yamaProtestanti aze awenze onke amaKatolika. Kwaye xa waya ukuba afunde iBhayibhile, uMoya oyiNgcwele wafika phezu kwakhe, kwaye wafumana uMoya oyiNgcwele, kwaye emva koko—emva koko waba ngomnye wabo.

¹²⁶ Ke ngoko qwalasela oku, ukuba uMoses wafumana konke ukuqeqeshwa. Ngokuba, wa—wayesazi. Wayesemgangathweni kakhulu, efunde kakhulu, ekrelekrele kakhulu! De, kungabikho mntu. . . Wayenakho nokufundisa amaYiphutha. De, abe nokufundisa nabezengqondo babo. Wayenokufundisa nee—neenjengele zabo ukuba ayintoni amandla asemkhosini. Wayeyindoda ebalulekileyo. Kwaye abantu babemoyika uMoses, ngenxa yokubaluleka kwakhe. Owu, okunjalo ukufundiswa! Bethu! Wayengu bhishop omkhulu, okanye mhlawumbi njengo pope. Wayengumfo obalulekileyo. Kwaye wa—wa—wayeyindoda enamandla. Kwaye wayesazi ukuba uzalelwe ukwenza oku, kwaye eqeqeshiwe, kunye nebhongo elikhulu, ukuyenza.

127 Njenganamhlanje. Anditsho ukuba amadoda, aqeqeshwa kwezizikolo, andikutsho oko...Njengoko belapha phandle eMpuma ngoku, bazakwakha esezigidi ezingamakhulu amahlanu edola isikolo semfundo yezakwalizwi, yabona, abakwaMoya, e—esamakhulu amahlanu ezigidi sedola isikolo. Kum, oku kufanele ukuba ziimishinari emasimini. Yabona? Yabona? Yabona? Kodwa, nantoni na, yintoni abayenzayo xa bephuma apho? Bayintoni? Igquba loo xengaxengayo. Nje ngokuchanekileyo. Kwaye yilondlela baphuma ngayo. Ifanele isoloko injalo, bonke kubo, kwaye oko kumga omnye. Yabona?

128 Ngoku siyafumanisa, ukuba, xa, uMoses, kuqeqesho lwakhe lonke. Kwaye namhlanje, kunye nalo lonke uqeqesho, kusenziwa oobhishophu abakhulu nanjalonjalo, amakhulu, aphakamileyo amabhongo, yintoni esiya kuyenza? Amabhongo ethu aba kanye nje malunga nohlobo ayenjalo akaMoses. Yabona?

129 UThixo, ngaphambi kokuba Abe nokufumana indoda esandleni Sakhe, kufanele Ayihlube ibhongo layo. Kufanele ayihlube konke ukuqeqeshwa kwayo.

130 Waphuma, kwaye wahlanguka; wabulala umYiphutha omnye. Kwaye wa, kwaye xa wayenzayo, wafumanisa ukuba wayekokungalunganga. Wayengenakho ukuyenza lonto. Yayingekho ngaloo ndlela. Kwaye uThixo kwafanela ukuba amthabathe amkhuphe amse entlango, enkqantosini, indawo eyinkqantosi.

131 Uyaqaphela, uhlobo olungaqhelekanga, indlela aba bafo, athe uThixo waba nomyalezo wabo. Ubathabathela enkqantosini.

132 Wamthabatha uPawulos wamsa enkqantosini, ukuya kumqeqesha, ukuya kumxelela konke okwakuyiyo loo mibono, ngaphandle enkqantosini. “Phumela ngaphandle uye endaweni enkqantosini ethile.” Kwaye wahlala apho wade uThixo wakwazisa ngokupheleleyo amakakwenze.

133 Kwaye ixesha likaMoses, Wamthabatha wamkhupha wamsa enkqantosini. Wamgcina apho kanganga mashumi amane eminyaka, kwaye wamhluba konke okuyimfundiso yakhe yezakwalizwi kunye nalo lonke ibhongo lakhe. Owu, elinjani ixesha, lokuba wayenokujonga emva aze abone ukohluleka kwakhe. Kwaye indlela esi, ngobubusuku, sifanele senze kwa into enye, xa sibona ibhongo lethu.

134 Khangela kwimikhankaso yempiliso, kwaye ubone ukuba iNkosi yenze into ethile kwiminyaka embalwa egqithileyo, ukuqalisa ukubuyisela impiliso kwabagulayo, nanjalo njalo.

135 Wonke ubani, wonke umbutho, kungokuba Ayizanga kumbutho wabo, kwafuneka babafumanele umphilisi. Kwaye yintoni esiyenzileyo? Masijonge kuyo okwethutyana. Senze kwa into ekwanye awayenzayo uMoses. Siphumile kwaye

sazama ngamandla ukuqweba uhlobo oluthile lommangaliso. “Ndijojise isifo. Ndi—ndi—ndinegazi esandleni sam,” saqweba ummangaliso. Yabona? Kwaye yintoni esiyifumeneyo? Amanye amadoda koku kuzixhinxa okunzima, bazophula baze baba ngamanxila okokoko, amaphakuphaku, kwaye bazifumana iingqondo zabo. Kwaye bajike yonke indlela emva, ulungelelaniso ukusuka kwinjongo yobupentekoste, umva ekwenzeni umbutho kunye nezinto kwakhona. Yabona?

¹³⁶ Yintoni esiyenzileyo? Sibulele umYiphutha wamnye. Injalo lonto. Kwaye sizamile. Sitsale kanzima. Sihlawule. Sibulalekile, siqhubeke ubusuku bonke kwimihlangano yokuthandaza, de singabi nalizwi. Kwaye—kwaye sizame ukuqweba into ethile, kwaye sikokotele into ethile, kunye nazo zonke ezintlobo zezinto, kwaye sizifumana zikukohluleka ngokupheleleyo. Sifuna ibuyela mva enkqantosini. Injalo. Ewe, mhlekazi. Imihlangano yasezinkampini, kunye neenzame. Kutheni singasuke nje sinikezele? Yilonto ofanele kukuyenza, yabona, buyela emva unikezele. Kutheni, senza kwa into ekwanye abayenzayo, into ekwanye uMoses awayenzayo. Ayenzi nenye into elungileyo. Emva kwamashumi amane eminyaka, wazifumana engumbanjwa eLizwini likaThixo. Yintoni esizama ukuyenza?

¹³⁷ Xa, iNtsikelelo enkulu iphuma, nokubonkaliswa kwakho konke oku kukhulu kwezinto athe uThixo wasixelela malunga nazo: ukuba masizalwe ngokutsha kanjani; masiwufumane njani uMoya oyiNgewe; ubhaptizo eGameni likaYesu Kristu; kunye nazo zonke ezi zinto apha.

¹³⁸ Uyabona, abantu, endaweni yokuba bahlale kwelo Lizwi, babotshelwe kuLo, yintoni abayenzayo? Baqalisa ngengcingane zabo zobuhlelo, ezasisele zohlulekile, kwaye bazama ukuqweba into ethile ukuba ikhangeleke okwe Nyaniso.

¹³⁹ Kungcono ndiqhawule kanye apho. Yabona? Ndiqinisekile ukuba ulumke ngokwaneleyo ukuba wazi endisingisele kuko. Yabona? Kodwa, kutheni, jonga into eyenziweyo. Cinga ngayo.

¹⁴⁰ Yintoni esinayo, ngobubusuku, koko i—i—isizwe sizele ngabantu abazenze umbutho abaphika iZibhalo zikaThixo; abayakubiza u—u—uBomi bukaMoya oyiNgewe, okokuba, “Ibilu—ufundo lwengqondo,” abayakuyala into enjalo ukuba iye ecaweni yabo. Kwaye abayi kuvumela ukuba uchaphazele iLizwi elinye lembewu yenyoka, ukhuselo oluNgunaphakade, kunye nezinto athe uMoya oyiNgewe wazityhila kwaye wazingqinela ukuba ziliLizwi. Ndenze umceli mngeni emva komceli mngeni, ukuba kuziwe ingqinisiswe kum ukuba ayilunganga.

¹⁴¹ Yintoni abanayo? Into ekwanye awayenayo uLuther, bonke, yabona, babulele umYiphutha. Yinto

efanelekileyo...Yayiyi ntoni? Mhlawumbi wenza umntu ukuba aqale...ayeke ukuba, okanye mhlawumbi aphile nyanisekileyo kumfazi wakhe. Kodwa yintoni oyenzayo kuye kulonto? Ilungu lecawa. "Yiza ujoyine igela lethu." Yabona?

¹⁴² La ndoda inukayo yayikukuphela kwento awayenokwalatha umnwe wakhe kuyo, okwempumelelo yakhe, kumashumi amane oqeqesho; umYiphutha onukayo elele apho, ebolile efile.

¹⁴³ Yiloo ndlela okuyiyo ngububusuku. Kuphela kwento esinokolatha kuyo, kule mvuselelo enqumleyo (usinga), ligquba elinukayo lamalungu ecawa angazi nto ngoThixo kunoNoqhakancu anokwazi ngobusuku baseYiphutha. Ilungile. Oko, kuyakubaxelela malunga neLizwi likaThixo, bathi, "Andiyikholelwa Lonto." Uthi, "Andikhathali nokuba bathini. Andiyikholelwa Lonto." Yabona? Yabona? Yinto embi kakhulu onokolatha emva kuyo, kuko konke ukutsala nzima neenzame kunye nayo yonke into esinayo.

¹⁴⁴ Mhlawumbi sinokolatha kwisikolo esikhulu, kodwa sifile. Singolatha embuthweni, kodwa ufile. Uyanuka. Inje ngento yokuqala esikhutshwe kuyo. "Njenge hagu isiya emxobhozweni wayo, kunye nenja kumhlanzo wayo," xa sibuyela umva. UmYiphutha omnye ofileyo.

¹⁴⁵ Akukho mathandabuzo kodwa umntu othile wathi, "Moses, kulungile, akunavelwano ngabantu? Wawubizelwe lento." Umntu owayemazi uMoses, wayesazi ukuba wayebizelwe lonto. "Kwaye suku... Uphuncukene nokuvelana nabantu?"

"Hayi, mhlekazi."

¹⁴⁶ "Kulungile, kutheni ungaphumanga, ngaphaya, usenza lento? Kwaye kutheni ungekho apha, uzama lento? Kwaye kutheni ungahambi kunye nabo bonke?"

¹⁴⁷ UMoses wayephandle phaya ehlutywa, wade waba namava kwityholo elivuthayo, elababaza iLizwi. "NDINGUYE uThixo ka-Abraham, Isake, noYakobi. Kwaye Ndisikhumbule isithembiso Sam. Kwaye Ndihlile ukuza kubakhulula. Ndithuma wena ukuba uye kuyenza." Yaba yiyo.

¹⁴⁸ Walibona iLizwi, hayi ibhongo labantu okanye iminqweno yabantu. Emva koko waba yintoni? Akazange afune kujongana namaYiphutha kwakhona. Akazange afune kujongana nalento kwakhona. Kodwa waba ngumbanjwa. Amen. Amashumi amane eminyaka yokubaleka, wahlutywa, kodwa emva koko waba ngumbanjwa, kwityholo elivuthayo, uMoses onamandla kunye nabo bonke ubukrelekrele bakhe. IBhayibhile isitsho ukuba uMoses wayeyindoda enamandla ngelizwi nangezengo, ezantsi eYiphutha.

¹⁴⁹ Kodwa qwalasela imfundo yezakwalizwi ekwenzayo eBukhoni betyholo elivuthayo. Wavuma kuphela ukusilela

kwakhe. Xa wabona eyona jongo kaThixo, wavuma ukuba wayengosilelayo ekuyenzeni. Noko, wayeqeqeshiwe kuko konke ukufunda ngezakwalizwi ebabenokumnika kona, eqeqeshiwe kwezona zikolo zabo zingcono. Kodwa, noko, angayenza xa... laa Ntsika yoMlilo indada apho etyholweni? Wathi, “Andinakho nokuthetha kuYe. Nkosi, ndingubani mna, ukuba ndingaya?” Yabona?

¹⁵⁰ “Khulula izihlangu zakho, Moses. Ndifuna ukuthetha nawe. Zihlube, nkqu nezihlangu zakho. U—ucambalele emhlabeni kwakhona. Ndifuna ukuthetha nawe.”

¹⁵¹ Enganakho nokuthetha. Ekugqibeleni, umbanjwa owonyuliweyo, umprofeti owonyuliweyo, nje ngaye loo Pawulos wayenyuliwe. UMoses wonyulwa, umkhululi. Kwaze emva koko, ekugqibeleni, uThixo wenza abalandeli Bakhe abonyuliweyo amabanjwa kuYe. Owu, haleluya! Wayenokusuka njengoko iLizwi likaThixo lalimsusa. “Ngubani na endiyakuthi undithumile?”

“NDINGUYE.”

“Ndiyakwenza njani?”

“Ndiyakuba nawe.”

¹⁵² “Ewe, Nkosi, njengokuba Usitsho. Ndilapha.” Owu, bethu! Oko, ngumbanjwa.

¹⁵³ Wahamba ngokuchaseneyo nokucinga kwakhe okungcono. Ngoku, wayeqeqeshelwe ukukhokela umkhosi. “Amakrele, phezulu! Malunga nobuso!” Ereqeshelwe ukuya, “Inqwelo zokulwa, zonke zikucwangco! Imikhonto, phambili! Hlasela!” Lolo hlobo azakuyibhukuqa ngalo. Yayiluqeqesho lwakhe.

Kodwa wathi, “Yintoni endiya kuyisebenzisa?”

Wathi, “Yintoni le isesandleni sakho?”

¹⁵⁴ “Intonga.” UThixo wenza izinto ezibubudenge kakhulu ngelinye ixesha, engqondweni yomntu. Yabona? Enentonga esandleni sakhe. Amabhovu ejinga. Amashumi asibhozo eminyaka ubudala. Umfazi wakhe phezu kwe esile; umntwana ehleli phezu kwethanga lakhe. Ezincinci, ezindala ingalo ezityhafileyo zijinga; intonga. Kuphela intloko yakhe eme nkqo, ngokuba wayeno ITSHO INKOSI. Kutheni? Ekugqibeleni waye zinzisiwe.

¹⁵⁵ Wayengumbanjwa. “Ndiyakusuka kuphela xa iLizwi lindisusa. Ndiyakuthetha kuphela apho iLizwi lithetha khona.”

“Uyaphi?”

¹⁵⁶ “Ndinomyalelo omnye: ndime phambi koFaro kwaye ndimbonise, ngale ntonga, ukuba uThixo undithumile.” Amen.

“Yintoni oyakuyenza emva koko?”

“Uyakuveza into elandelayo, emva kokuba ndenze lena.”

157 Nantso ke. Unento enye ekufuneka uyenzile, inyathelo lokuqala, ngobubusuku: nikezela, yiba ngumbanjwa. Sukucinga ngesiqu sakho okanye ngenye into ethile. Yiba ngumbanjwa.

158 UMoses uba ngumbanjwa, wavuma ukuba wayengenakho nokuthetha. Ekugqibeleni, xa uThixo wamfumanela esandleni Sakhe, apho anokuya kuphela apho uThixo amsa khona. Apho, Wamxelela iLizwi. Wayesazi ukuba yayi liLizwi, ngoko wazinikezela eLizwini. Kwaye uMoya oyiNgcwele phaya, uThixo, wambophelela uMoses entandweni kaThixo.

159 Yilonto ikwanye Wayenzayo kuPawulos. Injalo? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Wambophelela uPawulos; omncinci, ompumlo igoso, ophoxayo umJuda, owu, kunye ne Ph.D. ne LL.D zibhalwe konke kuye. Kodwa wathi, "Ndizakumbonisa oko azakuva ubunzima ngako ngenxa yeLizwi." Yabona? Kwaye wa . . .

160 Kwaye ngoko uPawulos ehleli apho kwaye ebona iLizwi, kwaye ebona ukuba lowo yayinguYesu, ngoko waphakamisa izandla zakhe waze wabotshelwa kuYe. Uthando lukaThixo lwambophelela kwiLizwi. "Uzakuphatha iGama Lam phambi kweNtlanga." Nako wahamba.

161 "Moses, NDINGUYE uThixo wooyihlo. NDINGUYE uThixo ka Abraham, Isake, kunye noYakobi. Ndiyakhumbula Ndabathembisa, kwaye ixesha lesithembiso likufuphi. Kwaye Ndiyakubona ukubandezeleka kwabantu Bam. Ndisikhumbule isithembiso Sam. Kwaye Ndihlile ukuza kukubophelela. Uyazi ukuba iLizwi lathini. Ndikubophelele ukuba uye ezantsi phaya, ubotshelwe kunye namandla, ukuba uye ezantsi phaya uze ukhulule abantu Bam. Kwaye thabatha laa ntonga esandleni sakho, njengengqina, 'kuba ubone ummangaliso owenziwe ngayo." Kanye njengoDavide, kunye nenkwitshi. Yabona?

162 Ebotshelwe, ngokwakhe, kwaye wehla. Ekugqibeleni, uThixo waba nendoda eyayilandela Yena, ibotshelwe kuYe, kwaye ingenakusuka lide iLizwi likaThixo liyisuse. Ukuba abantu bebenokwenza lonto, namhlanje! Ngoko, wayengumbanjwa Wakhe, umbanjwa wothando, ebotshiwe apho kuqhagamshelwano lothando, kunye—kunye noThixo, njengoko uPawulos wayebotshwe kuqhagamshelwana lothando kuThixo.

163 Kanye njengo Pawulos, bobabini beqeqeshiwe ngendlela enye. UMoses eqeqeshiwe, uyazi, ukukhulula abantwana bakaSirayeli ngamandla omkhosi. UPawulos eqeqeshelwe ukubathatha ezandleni zamaRoma aze abenze bakhululeke, ngesinyanzelo semfundo yakhe yobufundisi enkulu ehlabathi ngaloo mhla. Izikolo ezikhulu zoqeqesho, ephume phantsi koGamaliyeli.

164 Kwaye bobabini baya enkqantosini; babuya bengamadoda ahlukileyo. Bobabini babona iNtsika yoMlilo. Kwaye bobabini babengabaprofeti. Injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Bobabini, abaprofeti. Kwaye bobabini kwakuthethwe kubo ngeNtsika yoMlilo, ngokuchanekileyo ilolo hlobo, beza kukhulula. Nako apho babekho; baya enkqantosini. Bashiya izindlu zabo kwaye baya enkqantosini, ukuya kufumana. Bashiya abantu babo kunye nento yonke, ukuya kufumana intando kaThixo. Yabona?

165 Babeqeqeshiwe ngendlela enye; uThixo wabaguqulela kwenye. Kwaye kwafuneka babe ngamabanjwa agqibeleleyo, ukuba bengenzi ngendlela ababefuna ukwenza ngayo, kodwa benze ngendlela uThixo afune benze ngayo. Unguye izolo, namhlanje, naphakade.

166 Ingaba sinayo eminye imizuzu elishumi apho, ukugqiba oko? [UMzalwana uNeville uthi, “Amen.”—Mhl.]

167 Ndiyakukhawulezisa ngenene ndingene kwesinye isimilo. Ndibona esinye phambi kwam ngoku. Igama lakhe nguYosefu. Wayengunyana owonyuliweyo. Wayengumzekelo ogqibeleleyo kaYesu Kristu. Wayezelwe engumprofeti. Wayengumprofeti, kananjalo. Yabona? Kwaye ngoku wayenakho ukubona umbono. Kwaye xa wayeseyinkwenkwana encinci, wabona umbono wakhe ehleli etroneni, kwaye abantakwabo bequbude kuye. Yabona? Kodwa qaphela. Waba...Waziva ukuba wayengumfo obalulekileyo. Yabona? Bonke kubo...

168 Kodwa yintoni uThixo akwafuneka ayenze? Wenza kwa into enye Awayenzayo kubo bonke. Ngokuba, uMoses wayengumkhululi, uPawulos wayengumkhululi, kwaye ngoku uYosefu wayengumkhululi. Wabasindisa abantu bakowabo endlaleni.

169 Yintoni uThixo ekwafuneka ayenze kuye? Amfake entolongweni, amfake kanye ngqo entolongweni. Ewe, mhlekazi. Khumbula, wayethengiswe ngabantakwabo, kumYiphutha. Kwaye bamthengisa kuPotifaro. Kwaye uPotifaro wamnika intwanana encinci yenkululeko, kwaye, into yokuqala oyaziyo, oko kwathatyathwa kuye. Kwaye nanko ehleli entolongweni, elila, elila. UThixo kwafuneka amhlube.

170 Qaphela ngoku. Kodwa, lonke ixesha, ndiyakholwa, wa, kula jele, wayenokukhumbula ukuba umbono wathi wayezakuhlala etroneni, kwaye abantakwabo babezakuqubuda kuye, ngokuba wayesazi ukuba isipho sakhe sivela kuThixo. Kwaye wayesazi ukuba kufanele yenzeke.

171 Ukuba sinokugcina oko ezingqondweni zethu, kwaye ngokweLizwi likaThixo, ukuba kule mihla yokugqibela Uyakuba neBandla, Uyakuba nabantu. Kwaye ezi zinto Azithembisileyo, Uyakuzenza zona. Uthe Uyakuzenza,

kwaye siphila kwixesha. Silapho. Uzama nje ukusenza sibe ngamabanjwa enene ngoku, sivalelwe ngaphakathi kunye Naye.

¹⁷² Niyivile laa ngoma indala niyiculayo, “Kwaye ngoko ndivalelwe ngaphakathi kunye noThixo”? Ndifuna ukuvalelwa ngaphakathi kunye noThixo. Ngoku, kulapho ndicinga malunga noku. Ekuvalelweni ngaphakathi kunye noThixo, hayi enye, kwaye usuka kuphela xa uThixo esithi suka. Wenza kuphela njengoko uThixo athi yenza, yabona, ngoko uvalelwe kunye noThixo.

¹⁷³ Ngoku khumbula, wayecinga. Naye waba ngowohlulekileyo ngokupheleleyo, kwisiqu sakhe. Konke oko wayekwazi, konke oko wayekuqonda, kunye nento yonke, waba ngowahluleke ngokupheleleyo. Zange isebenze. Wayebekwe phantsi kwemeko apho kungekho mntu unokumamela kuye. Waye engumbanjwa. Yabona? Wayebekwe kwimeko, apho abangakholwayo banokungakholelwa. Niyayibona into endibhekiselele kuyo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ulungiselelo lwakhe lwaba lolungento. Abantu bajika iintloko zabo. Babengasayi kumamela kuye entolongweni. Yintoni elungileyo ulungiselelo lwakhe olwalunokuyenza? Wayenokuma kwimivalo yentolongo aze ashumayele kubo; babeyakuhla ngesitrato. Yabona? Kodwa waba ngumbanjwa. Kwaye uThixo wamgcina, umbanjwa, lade ivili labeleka kakuhle. Wathi, “Nantsi indoda Yam.” Uzuko! Ukwahluleka okupheleleyo!

¹⁷⁴ Ekugqibeleni, uThixo waza kuye entolongweni yakhe. Nje ngoPawulos, njengakubo bonke kubo, Waza kuye. Kwaye Wasebenzisa isipho Awayemnike sona, ukumkhupha khona apho. Injalo lonto. Wamkhupha entolongweni yakhe. Wenza ntoni? Kwamsinya nje Emkhuphile entolongweni yakhe, wanikwa igunya ngukumkani, ukumkani wakhe, ukuba ahlale ecaleni kwakhe, lowo awayephantsi kwakhe. Wakhutshwa kwindlu yentolongo waze wanikwa igunya; de, nantoni ayitshoyo, kufuneke yenzeke. Amen.

¹⁷⁵ Ekubanjweni kwakhe, wasoloko ekhumbula, wazalelwa isizathu. Wayezakuhlala ecaleni kokumkani. Bonke kubo babeza kugoba idolo kuye. Umbono wakhe wamxelela njalo. Amen. Kodwa ngaphambi kokuba umbono wakhe ube nokugqibezeleka ngokupheleleyo, waba ngumbanjwa. Amen. Kwaye emva koko waba ngumlawuli. Kwaye xa waphuma endlwini yakhe yobubanjwa, waze waba ngumbanjwa weLizwi likaThixo, okokuba angatsho kuphela oko uThixo akubeke emlonyeni wakhe ukuba akutsho, ngoko uThixo wahamba ngaye.

¹⁷⁶ Qaphela, ukuba uMoses wayenegunya lokubopha iinkosana zikaFaro, ngentando eyeyakhe. “Ukuba nithi kule

ntaba, ‘Funquka.’” Wayenegunya lokubopha iinkosana zikaFaro. Nokuba zazingamadikoni, okanye oomdala, okanye ngabameli besizwe okanye nantoni ababeyiyo. Wathi, “Ndiyanibopha,” kwaye babebotshiwe. Yayi yilonto. Wayenokuyenza ngokwelizwi elilelakhe, ngokwentando yakhe. Amen. Uzuko kuThixo!

Owu, ndinemizuzu nje emalunga nesithathu ngaphezulu, ke ndiyaligcina ilizwi lam.

¹⁷⁷ Ngoku siyafumana, ukuba wa—waba ngumbanjwa kuThixo, ukusuka kububanjwa ehlabathini. Ukusuka... uPawulos, ngendlela ekwanye. Kunye noMoses, ngendlela ekwanye, ukusuka kububanjwa ekucingeni okungokwakhe, ukuya ebubanjweni kuThixo. Kwaye xa waphumayo, wayenegunya likaThixo. Kwaye xa waba nguPawulos... Xa ukucinga okudala, kuka Moses, wakunikezela kwaye wakuhluba, waba ngumbanjwa kwiLizwi lika Kristu. Unokusuka naphina... .

“Uthi, ‘Kristu?’”

¹⁷⁸ “Wayibalela ingcikivo kaKristu ngokobutyebi obukhulu kunobo baseYiphutha.” Ngoko ke wayengumbanjwa kuKristu, kanye njengoko uPawulos wayenjalo.

¹⁷⁹ Khumbula, sonke esisithathu yayingabaprofeti. Yabona? Kwaye kwafuneka bahlutywe kwiingcinga zabo, ukuze babe ngamabanjwa kwintando kunye nendlela kaThixo.

¹⁸⁰ Ngoko siyakhumbula, ngoku, ukuba wayenegunya lokubopha, ngelizwi lakhe. Wayenegunya lokukhulula, ngelizwi lakhe. Wayenokuthi, “Ndiyakukhulula, egameni lokumkani wam.” Amen. UFaro wamenza uYosefu unyana wakhe.

¹⁸¹ UKristu wenza aBakhe, amabanjwa othando, oonyana Bakhe. Kwaye Ubanika igunya, into ekwanye Awayenayo. UYohane oNgcwele i-14:12, “Lowo ukholwayo kuM, yabona, imisebenzi Endiyenzayo uyakuyenza naye. Nengaphezulu kunale uyakuyenza.” Ngoku umbanjwa wothondo lukaKristu uba ngogunyazisiweyo nguKumkani wakhe, Ongu Kristu. Amen. “Kwaye inene Ndithi kuni, ukuba nithi kule ntaba, ‘Funquka,’ kwaye ningathandabuzi ezintliziweni zenu, kodwa nikholelwe ukubo oko nikutshiloyo kuyakwenzeka, niyakuzaya oko nikutshiloyo. Ukuba nithi nihlale kuM, kunye neLizwi lam kuni; ukuba nibotshwe kuM,” ngokuba Yena neLizwi Lakhe yinto enye. “Ekuqalekeni ebekhona uLizwi, kwaye uLizwi ebekuye uThixo. ULizwi wenziwa inyama kwaye wahlala phakathi kwethu. Ikwanguye izolo, namhlanje, naphakade! Ukuba nithi nihlale kuM,” hayi *apha naphaya*. “Hlalani kuM, kunye neLizwi Lam kuni; celani enikufunayo, okanye utsho okufunayo, uyakuyenzelwa.” Wayenegunya.

¹⁸² Qaphela, ngaphambi kokuba aphume, kwafuneka ukuba athatyathwe achetywe. Izinto ezimbalwa kwafuneka zichetywe zisuke ngaphambi kokuba adibane nokumkani wakhe. Yabona?

183 Owu, uThixo ngamanye amaxesha ubathatha abantu Bakhe abakhuphe ngoluya uhlobo, aze achebe okumbalwa kwiintando zabo, ababonise ukuba abangekhe benze nje into abafuna ukuyenza. Niyazi ukuba ndithetha ntoni. Abakho—abakho kwinkululeko yokwenza into abayifunayo. Ngaphambi kokuba baze kwingunya elipheleleyo baze babe sisicaka sothando kuKristu, kufanela bachetywe baze ke basiwe ngaphambili. Ngamanye amaxesha Ubathabathe abase enkqantosini, ukuya kuyenza lonto, ukuya kubacheba. Kwaye emva koko ababuyise, abathanjisiweyo, ukuza kuzalisekisa injongo Athe wabanyulela ukuba babe yiyo. Yabona into endiyithethayo?

Bazalwana, sikwisiphelo sexesha.

184 Khumbulani, onke amanye amaxesha, into Ayenzileyo. Wasoloko efanele ukuthabatha indoda aze ayenze ikhoboka kuYe, incame okwayo. Kufanela ukuba ancame yonke into athe wayazi, alibale lonke uqeqesho lwakhe, yonke into, ukuze ayazi intando kaThixo, kwaye alandele uThixo.

185 Akanakulandela nenye into athe umntu wayenza, kunye noThixo, ngaxesha linye. Ichasene kakhulu, enye kwenye. Akunakuya eMpuma nase Ntshona ngaxesha linye. Akunakuya ekunene nasekhohlo ngaxesha linye. Akunakuba wenza into elungileyo nengalunganga ngaxesha linye. Akunakuba ulandela umntu kunye noThixo ngaxesha linye. Hayi, mhlekazi. Uba ngolandela uThixo okanye olandela umntu.

186 Ngoku, ngoko, ukuba ulandela uThixo kwaye ube uzinikele kuThixo, ngoko uba ngumbanjwa kuloo Thixo, kwelo Lizwi, kuloo ntando. Akukhathaliseki nokuba enye into engenye ithini na, uba ngu—ngumbanjwa kuYo.

187 Phulaphula. Sisesiphelweni sexesha. Kwaye ndiyakutsho oko ngentlonipho nangembeko, njengoko iqela lemizuzu lidada lidlula. Khangela. Yintoni uThixo, kuluvo lwam, ayakuyenza nafanele ukuyenza, naya kuyenza kulo mhla wokugqibela, kukufumana isixhobo sokuvuna. Kufanele afumane isixhobo, ukubhula umgangatho. Wonke umfama, xa esiya esivunweni sakhe, kufanela abe nesixhobo sokwenza ngaso; ngokuqinisekileyo, kufanele abe nebukhali irhengqe okanye into ethile, isixhobo esithile, sokubhula ingqolowa iphume. Kwaye isivuno sivuthiwe.

188 Thixo, sithabathele esandleni Sakho. Senze sibe zizicaka ezisemakhamandleni othando Lwakho. Sisebenzise sibe sisixhobo, ukuzisa ukuqonda kulo usisono, oqalekisiweyo umhlaba esiphila kuwo namhlanje, ukuba uYesu Kristu isenguye izolo, namhlanje, naphakade.

189 Oko kwam, Thixo, ndenze ndibe ngumbanjwa. Ukuba bonke abazalwana bam bandilahlile, ukuba zonke izihlobo zindilahlile, ndifuna ukuba ngumbanjwa kaYesu Kristu kunye neLizwi Lakhe, ukuze ndibe nokubotshelelwa eLizwini Lakhe,

ngoMoya oyiNgcwele, ukuze ndibone uMoya oyiNgcwele usenza iLizwi likaThixo lingqinwe kwa ngezinto ezinye Athe ziyakwenzeka. Ndifuna ukuba ngumbanjwa kaYesu Kristu.

Masithandazeni.

¹⁹⁰ Andazi, ngobubusuku, ngentloko zethu ziqutyudiwe, ukuba ela bhongo ebesinalo, lokuba yinto ethile engenye, okanye mhlawumbi into ethile esinokuyicinga, sibe yinto elikratshi, andazi nokuba asikuyibeka leyo ngahlobo luthile ecaleni.

¹⁹¹ Andazi ukuba inkwenkwe encinci apha, ngobubusuku, iyabheka bheka, ithi, “Ndizakuba yi, xa ndimdala, ndizakuba yethile-thile into.” Andazi ukuba uyayiva intando kaThixo ingena entliziyweni yakho, kwaye isithi, “Hayi, hayi. Uh-huh. Ndi—ndi... Amabhongo am alahlekile ngoku. Ngezintsuku zimbawwa zigqithileyo, uMoya oyiNgcwele ube ethetha kum. Ndi—ndi—ndi—ndifuna ukuzinikela kuThixo, ukuba ndibe sisixhobo sokubhula salo mhla wokugqibela.”

¹⁹² Amanye amantombazana amancinci angaba anamabhongo enenekazi elilungileyo ngesimilo, okanye—okanye mhlawumbi omhle omncinci unkosazana, okanye mhlawumbi ngenye imini wenze iHollywood ikhondo lakho, a—andazi nokuba akufuni kunikezela ngoku ibhongo lakho eBukhoni bukaThixo kunye neLizwi Lakhe, yiva ukubiza kukaThixo kubomi obubo bakho. UThixo uyazi ukuba ungubani.

¹⁹³ Andazi nokuba kukho umlungiseleli okufutshane, okanye isicaka, umsebenzi ndaweni ithile ebandleni. Ndingene nje apha, kwaba kanye ethubeni. A—andazi nesinye kwisithathu sabantu abahleli apha, ngobubusuku, kodwa ndi... eliqaqobana lincinci lilapha. Andazi nokuba kungakho abantu abanjalo, ongathanda ukuthi, “Andikhathali nokuba ubani uthini. Ndisicaka sikaThixo ngoku. Ndi—ndi—ndizakushumayela iLizwi Lakhe, nokuba kutheni. Andikhathali nantoni, u—umbutho wam undigxothile, ndisezakuhlala nela Lizwi. Ndi—ndizakuyenza. Intando yam yintando kaThixo. Intando kaThixo yintando yam. Ndizakuba ngumbanjwa kuKristu Yesu. Ngobabalo noncendo Lwakhe, Ndiyakuyenza.”

¹⁹⁴ Cinga ngayo, ngelixa sineentloko zethu ziqutyudiwe. Bangaphi abanela bhongo, ngobubusuku? Ungaphakamisa isandla sakho. Eso sesam, nam. Ndiyanikezela konke. Ngeentloko zethu ziqutyudiwe ngoku, ngokucuthayo ngoku, njengoko usacinga ngayo ngoku, usathandaza.

Ndiyanikezela konke,
 Ndiyanikezela konke,
 Konke kuWe, Msindisi wam osikelelekileyo,
 Ndiyanikezela konke.
 Ndiyanikeze- . . .

195 Ungaba uthetha yona ngenene? “Ndifuna ukuba ngumbanjwa. Ndi. . .Ndithabathe, Nkosi. Ndithabathe undise ezantsi kwindlu yoMbumbi, ngobubusuku. Ndophule ndonke, kwaye undibumbe kwakhona, ezantsi apha.”

KuWe, Msindisi wam osikelelekileyo,
Ndinikezela konke.

196 Bawo waseZulwini, njengoko ingoma iqhubeka idlala, ndicinga kuyinzuzo enkulu ngeli xesha, ukuba ndi—ndiyakuqhawula engomeni ndithethe naWe nje okomzuzwana. Njengoko abantu bacingayo, “Ndiyanikezela konke,” Bawo, singa singakwenza oku, njengo hlobo lokuba eli lithuba lethu lokugqibela lokuyenza. Masize ngokunyanisekileyo, size esithebeni seNkosi, njengoko kwakunjalo, ngeengubo ezihlanjweyo, imiphefumlo ehlanjweyo, neminqweno ehlanjweyo, namabhongo ahlanjweyo, ukuba sizinikezele.

197 Kwaye uvumele uThixo athabathe iLizwi Lakhe, asibophe asidibanise sonke kunye Nalo, iLizwi likaThixo. Kwaye wanga uMoya oyiNgcwele ungasithabatha ngoku, njengoko siyiva idyokhwe iqakaza ezintliziyweni zethu, “Ukusuka ngobubusuku, ukuqhubekeka, ndikuthabatha elizwini lakho. Ngoku sukucinga izinto zakho. Cinga iingcinga Zam. Cinga intando Yam. Ndiyakukukhokela.” Thixo, siphe oko kube ngamava kuye wonke ngamnye wethu.

198 Aba bantu batsha bahleli apha; umyeni nenkosikazi; abanye bazakuba ngumyeni nenkosikazi. Kukho amadoda amadala ahleli apha, abangabalungiseleli, bebesendleleni. Kwaye, Nkosi, apha nguMzalwana uNeville, ndi, uyenyukela phezulu ngeleli. Iintsuku zethu zibaliwe ngoku. Amanyathelo ethu enziwe ngokukhathala okukhulu kunokuba sasiwenzile. Siyaqwalasela apho sinyathela khona. Asisekho ngabaqinisekileyo ekunyatheleni, ngokuthetha ngomzimba, njengoko sasikhe sanjalo. Kodwa, Nkosi, njengoko sibona obabomi bufayo buyanyamalala, kwaye akukho nelinye kumanyathelo ethu aqinisekileyo ngaphandle kokuba Ubambe isandla sethu.

199 Ngoku, Thixo, sithabathe, Unganakho? Thabathela iintliziyo zethu kunye nentando yethu esandleni Esise Sakho, kwaye usenze sibe ngamabanjwa, ngobubusuku, kwiLizwi, kuKristu. Sanga singaphila ubomi bobuthixo apha. Banga aba bafazi, aba bafazi basebatsha, la madoda asematsha, amakhwenkwe namantombi, banganikezela ngobomi babo, Nkosi. Kwaye langa ibhongo labo lingaba libhongo lokukhonza uYesu Kristu. Kwaye masibe ngumbanjwa wenceba nentando Yakhe eNgcwele. Siphe oko, Nkosi.

200 Yiyo yonke endikwaziyo ukuyenza, Nkosi. La magama mancinci aphukileyo, kwaye ndi—ndiyathemba ukuba

Uyakuwadibanisa, ngokulungileyo. Kuba, kushushu ngaphakathi apha, kwaye abantu bafuna ukuphulaphula, kodwa kushushu ngenene. Kwaye abaninzi kufanele bagoduke baze baye emsebenzini ngethuba. Kodwa yanga loo mbewu ilale nje ezintliziyweni zabo, “umbanjwa.”

²⁰¹ Goduka uthi kunkosikazi, njengoko . . . phambi balungele ukuhla bathandaze, ngale mvakwemini, okanye ngokukuhlwa, ecaleni kwebhedi, jonga ngaphaya komnye, bathi, “Sthandwa, malunga naphi nokuya, ngobubusuku? Ingaba sibe ngamabanjwa enene kuKristu nakwintando Yakhe, okanye—okanye sisebenza ngentando yethu?”

²⁰² Anga amadodana amatsha kunye nabafazana abatsha, naphina, ingakumbi abo bawuvileyo uMyalezo, ngobubusuku, bangazibuza laa mbuzo umnye, “Ingaba ndiyafuna ukuba ngumbanjwa, ndincame ubomi bam?”

²⁰³ “Lowo ubugcinayo ubomi bakhe uyakulahlekelwa bubo, kodwa lowo uyakubuncama ubomi bakhe ngenxa Yam uyakubuzuzwa.” Bawo, siyazi, ukuba i: ukuba ngumbanjwa waKho, sihlukana namabhongo ethu kunye neminqweno yethu, sifumane Eyakho, emva koko sibe noBomi ngoNaphakade. Siphe oko, Nkosi.

²⁰⁴ Kuphela kwento endiyaziyo, kukunikela ngoku kwizandla Zakho. Kwaye ingaba yinzuzo kwaye izise ezinkulu—ezinkulu izixhobo zomhla wesivuno sokugqibela, amadoda nabafazi, amakhwenkwe namantombi, banikezela kwintando epheleleyo kaThixo, kwaye babe ngamabanjwa kaYesu Kristu, kuthando Lwakhe, beqanyangelwa ngamakhamandela othando oluNgcwele kuKristu. Siyayicela eGameni Lakhe.

Ndiyanikezela konke,

Masiphakameni.

Ndiyanikezela konke,

Konke kuWe, owam . . . ? . . .

²⁰⁵ Masikutsho oko nje kwakhona, ngamehlo ethu evaliwe kunye nezandla zethu phezulu.

Ndiyanikezela konke,

Ndiyanikezela konke,

Konke kuWe, Msindisi wam osikelelekileyo,

Ndiyanikezela konke.

²⁰⁶ Ngoku, ukuba siyakuqubuda iintloko zethu, kwaye ngaphambi kwengoma yokunqumamisa iculwe, ka *Thabatha iGama Lika Yesu*. Ndizakucela ukuba—ukuba lo mzalwana apha . . . ndililibe igama lakhe. Udade ongqinileyo malunga nombono wobumnyama usiza ngapha, obephilisiwe. Kwaye khumbulani, ekujongeni ngasemva, isigqubuthelo sasisukile. Ukholo lwakhe lwakwenza oko. Sinqumamise ngomthandazo, unganakho, mzalwana? Kwaye ucele iintsikelelo zikaThixo phezulu kwethu.



UMBANJWA XHO63-0717

(A Prisoner)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngoLwesithathu ngoJulayi 17, 1963, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2014 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org